


# AMANDLA KATHIXO

## OKUMILISA NGAKUMBI

 [UMzalwana uBranham uyaziswa nguMzalwana uCarl Williams—Mhl.] Enkosi, mzalwana. [“Ngokuqinisekileyo ngenene yinyhweba ukuba noMzalwana uBranham esiza qho ePhoenix. Ndinga uyeza ePhoenix ngokungaphezulu kunako naphina. Kwaye sifuna aqhubeke esiza, oko nje ndiselapha, kakade. UThixo akusikelele, Mzalwana uBranham.”] Enkosi, enkosi, Mzalwana uWilliams.

Molweni kusanje, zihlobo. Ndi...Le yosapho lakwaShakarian, uMzalwana Williams noDade Williams kunye nabaninzi babo apha bayazi malunga nayo. Ndikubonile okuya embonweni, malunga nesibini okanye isithathu siminyaka ngaphambi kokuba agule, kwaye yenzeka.

<sup>2</sup> Kwaye kunyaka ophelileyo xa sasilapha, ndiyakholwa yayikuJanywari, enkomfeni, yayilixesha awathi laa mpristi (ngubani igama lakhe? Ndilibeke igama lakhe ngoku) wayelapha. [Umntu othile uthi, “Stanley.”—Mhl.] Stanley, uBhishop Stanley, osuka kwibandla iKatolika. Niyakhumbula xa wandizisela iBhayibhile, niyazi, kwaye watsho kum.

Yayingabaninzi beprofeta, “Ntombi yam, uphilisiwe.”

<sup>3</sup> Kwaye wayesazi ukuba umbono utshilo ukuba akayi kuphila. “Uyakufa phakathi kweyesibini neyesithathu intsimbi kusasa.” Niyakhumbula oko? [Umntu othile uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoko, eyesibini okanye eyesithathu intsimbi.

<sup>4</sup> Kwaye ndandingenako ukumxelela uDemos. Kwaye nangoko ndamxelela unina womtshato omtsha, kanye ngaphaya egumbini, kanye ekunqumlezeni indawo apha. Ndathi, “Akazukuphila.”

UNkskz. Shakarian wathi, “Kulungile, wonke ubani uyaprofeta.”

<sup>5</sup> Ndathi, “Kakade, ndingaba ngophosileyo, ngokwam, kodwa ndayitsho. Akazukuphila.”

<sup>6</sup> Ndaxelela abaninzi babo, malunga neminyaka emithathu eyagqithayo, “Ndambona ebaleka ngenxa yobomi bakhe, kwaye waya ebhedini. Waza waphakamisa izandla zakhe wakhala kum, ngolwa hlobo. Kwaye andi—andizange ndibe nakho nokufikelela kuye. Ndaza ndombona emva koko esifa. Ndajonga, kwaye kukho into ethile, nantso iwotshi, kwaye yathi yinto ephakathi kweyesibini neyesithathu intsimbi.”

7 Waza ke wathi ubhishop, “Kuhle, ndizakuqaphela nje ndize ndibone kuza kwenzeka njani okuya.” Ke, yenzeka.

8 Siyavelana kakhulu ngokuqinisekileyo. Ndivakalelwa ukuba ibandla lilahlekelwe ngumntu omkhulu, kuDade Florence Shakarian. Kodwa, wayeyimvumi enkulu, wayengozaliswe nguMoya umfazi.

9 Ndandikunye nonina; unina wayengomnye wabokuqala endaqhagamshelana nabo eWest Coast, xa unina waphiliswayo. Xa oogqirha . . . Wayefe isiqaqqa, edumbe wonke. Kwaye ke u—ugqirha owayephaya wandixelela, wathi, “Ngoku yithi cwaka xa uthandaza. Sukwenza ingxolo eninzi. Umfazi uyafa.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

10 Kwaye wathi, ngoko, waqhubeka nje endixelela. Ke, kulungile, zange ndibenalo nethuba lokuvula umlomo wam, njalo.

11 Ke, yayinguMzalwana uDemos wandixelela ukuba ndiqhubeke kwaye ndinyukele phezulu ndiyokumbona.

12 Ke, ndanyukela kumgangatho ongentla. Kwaye uFlorence wayeguqe emgangathweni, emva koko entle encinci intombazana, kunye nabanye abaliqela abafazi. Ndaza ndaya ngaphaya ndaya kumthandazela, ndaza ndayixela. Kwaye wayengekho sezingqondweni. Ndaza ndamxelela ukuba uzakuphakama kwakhona. Kwaye wakwenza. Iminyaka kamva, wafa. Kwaye ngoku uThixo uyayiphendula imithandazo yethu.

13 Kwaye siyakwazi oko, siyakholwa ukuba sonke sizile apha ngentando kaThixo, kwaye siyemka kwangendlela enye. Ngamnye ngamnye, sonke ngamnye siyakuwela ela sango. Kwaye kungoko silapha ngale ntsasa, sihlanganisene kobu Budlelwana Bamadoda AngamaKristu Angoosomashishini, kukuthetha ngezi zinto, kwaye silungiselele zona, kuba siyazi ngokuqinisekileyo ziyeza.

14 Ngoku uDade uFlorence ngumfazi osemntsha, amashumi amane anesibini eminyaka ubudala, uMzalwana uWilliams usandula kundixelela, kwaye esemtsha kakhulu. Kodwa phambi kokuba bona, udade wayesazi ukuba unesisifo, ngokuba, ndabona umbono wakhe kwaye wandixelela iziphumo zakhe. Emva koko, iyakuba njalo. UThixo wazi konke malunga nako, kunye naye ebona uYesu egumbini phambi kokuba amke. Asifuni nje ukuba samthandazela, kuba sikwenzile oko kakhulu. Sifuna nje ukubulela uThixo ngobomi obebuphakathi kwethu, obusikhuthazileyo sonke, njengoDade Shakarian.

15 Kwaye sifuna ukuthandazela uMzalwana uDemos, uDade Rose. Kwaye khumbulani, babe nontlitho olubi olunzima ebomini babo, kweyokugqibela . . . nguyise, nodade wabo ngoku kweyakhe . . . iminyaka yokugqibela. [Umntu othile uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Kodwa, kwaye, ehe, ngaphantsi

kunayo, ngaphantsi, kweenyanga ezilushumi; kunye nodade, Dade Edna, kananjalo.

<sup>16</sup> Ke, ndiyayazi indlela yokuvelana noMzalwana uDemos. Bendinotata, umntakwethu, umfazi, nosana, ukuhamba kwiintsuku ezimbalwa ukwahlukana, ke ndi—ndiyayazi indlela avakalelwa ngayo ngale ntsasa. Uthi wazi kuphela xa ume kwezo zihlangu, kuxa waziyo indlela yokuvelana. Kwaye . . .

<sup>17</sup> [Isixhobo sesandisi-sandi siyatswina—Mhl.] Ndikwenzile oko ngokwam. Uxolo. Ndibethe isixhobo ezantsi apha ndaweni ithile, ngesandla sam. Ke ndiya—ndiyaxolisa ndiyenze yangxola kakhulu, kwaye ndingajonganga ekwenzeni oko.

<sup>18</sup> Ke masithi siphakameni ngoku ngelixa si . . . ukuba ninganakho, ukuba yi . . . Masiqubudeni intloko yethu.

<sup>19</sup> Bawo waseZulwini, sihlangane apha ngale ntsasa ukuza kunqula Wena, nokuza kunika Wena imibulelo nombongo, ngokuthumela uYesu uMhlanguli wethu, ukuba sibe nethemba emva kobu bomi budlulile, ekuboneni ukuba akuqinesekisekanga kakhulu okokuba sihlala apha lonke ixesha. Kwaye, Bawo, ukubona udwayinge leemeko lemizimba enokuba kuyo, siyavuya akuyomfuneko yokuba sihlale apha lonke ixesha. Wena wenze indlela yokuzimela, ezantsi ngentlambo yokufa.

<sup>20</sup> Kwaye, Bawo, sinombulelo kuWe ngale ntsasa, ngobomi balowo owema kunye nathi, ngaphantsi konyaka odlulileyo, ecula imibongo Yakho; uDade Florence Shakarian, njengoko besimazi. Kwaye Wena usixelele kwangaphambili, nkqu iminyaka, okokuba oku bekuzakwenzeka, okokuba ingayikuba sisothuso esikhulu kuthi. Kwaye siyazi ukuba oko Ukutshoyo yinyaniso. Kwaye ngoko iLizwi Lakho lithi, “Umntu ozelwe ngumfazi, uzele ziintsuku ezimbalwa kwaye ezele ziinkathazo.” Siyazi ukuba oko yinyaniso, nako, Nkosi. Siyazi sonke kufuneka sehlele kulantlambo. Ke siYakubulela ngobomi bakhe obe bulapha emhlabeni. Kwaye sikholelwa ngokholo, okokuba ngoku, ngale ntsasa, udlulile kolusizi lwendlu yezifo, ukuya kumzimba wozoku ongasokuze ugule. Kwaye iziphiwo zakhe zokucula, nelizwi ebenalo, nomoya wakhe usekutyebeni kubabalo noKristu! Ukuba angabuyela ngale ntsasa, akasokuze ayenze nangayiphi indlela; bekuyakufuneka agqithe kuko konke oku kwakhona. Ntoleyo, ngoku igqithile, ukunye nonina notata wakhe. Balubizele ekhaya usana lwabo. Ke, si—siYakubulela.

<sup>21</sup> Kananjalo sifuna ukuthandazela intuthuzelo, yowethu uMzalwana uShakarian, owethu othandekayo umzalwana, sisazi u—ubomi abuphilileyo, neentuthumbo angqithe kuzo kule mihla yokugqibela, nendlela ayiyo; ukumbona eguga, nonwele lwakhe lusimka, namagxa akhe egoba, kwaye noko ezama ukuhlala entsimini ngenxa kaThixo. Thixo, mnike amandla namhlanje. Siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakumnika.

Kubo bonke abo babhujelweyo kukumka kwakhe, sithandazela ngamnye kubo.

<sup>22</sup> Kwaye senze, Nkosi, njengoko sicinga ngoku, sikhumbule ukuba nathi kufuneka simke ngenye imini. Ngelixa sisahleli kunye apha eBukhloneni beNkosi uYesu, siyakucela okokuba Uyakuzisa oku kuhlaziyekile ezinkumbulweni zethu. Kwaye masihlole, njengoko kwakunjalo, okanye senze uhlobo lobomi bethu, okokuba sibe phantsi kweGazi kunye naseLukholweni. Sipheliso oko, Nkosi.

<sup>23</sup> Ngoku njengoko ndizama phantsi kwezi meko ukuzisa umyalezo omncinci ebantwini, namhlanje, ndiyathandaza ukuba Uyakundinceda, Nkosi. Ndipheliso amandla, kuba ndi—ndi—ndiyawadinga, Nkosi. Kwaye ndiyathandaza ukuba Uyakuwanikeza. Kwaye yanga okuthile kungathethwa okuya kukuhlonipha Wena. Kwaye ukuba kungabakho nabani phantsi kwesandi sezwi lethu ngale ntsasa, ongakulungelanga ukuhlangana neyure elele phambi kwabo, yanga eli ingaba lixesha lokuba xa benikezela kuYe Lowo uthe, “Ndim iNdlela, uBomi, iNyaniso,” kwanayo iNkosi uYesu Kristu. Kuba sikucela eGameni Lakhe. Amen. (Ningahlala.)

<sup>24</sup> [Umntu othile eqongeni uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Umzalwana apha ufuna ukwazi ukuba wonke ubani uyeva kakuhle. Unemibini imiboko ivuliwe. Ingaba konke oko kulungile? Niyandiva? Phakamisani izandla zenu ukuba niyandiva. Niyeva? Phakamisani izandla zenu. Kulungile.

<sup>25</sup> Ndiyaxolisa kuba singenagumbi lakuhlalisa wonke umntu ngale ntsasa. Kwaye siyathemba ukuba andisayi kuhlala apha kade kakhulu, nje ngokwaneleyo ukuthi mhlawumbi kusizisele mhlawumbi ukufundwa kweLizwi; okokuba iNkosi uThixo iyakuhlonela iLizwi Lakhe elifundiweyo, kwaye uyakusinika ubabalo Lwakhe, lokuba siMkhonze ngalo.

<sup>26</sup> Ngoku bendixelelwe nguBilly Paul, ngale ntsasa, okokuba kungenzeka ukuba sithethe kwiCawa elandelayo eGrantway Assembly of God, eTucson. Ukuba ukho nabani apha osuka eTucson, ndinganganiboni kule veiki. Ndiyakube ndiseGrantway Assembly of God, kwiCawa elandelayo.

<sup>27</sup> Ke ngoku sisandula kubuya ukusuka eMpuma, kwaye ngandlela ithile ndiziqobile kancinci, ngokudla ngokugqithisileyo, ngobubele obungaphezulu babantu ezantsi ezintabeni. Kwaye—kwaye ndiye ndagula, ke andizivanga kamnandi ngale veiki. Ke, nindithandazele. Kwaye . . .

<sup>28</sup> [Umntu othile uthi, “Eninzi i-opossum.”—Mhl.] Uthini? [“Eninzi i-opossum.”] UMzalwana uCarl Williams nobuqhula bakhe, kwaye ndicinga sidinga bona kanye ngoku, wathi, “Eninzi i-opossum.” Andazi malunga noko, Mzalwana uCarl, kodwa inqwaba yoonomatse. [UMzalwana uBranham uyahleka.]

<sup>29</sup> Ke nifuna ukuthandazela umntu othile ngale ntsasa, kutheni, ndi—ndincoma ngokuqinisekileyo ukuba iyakuba yeminye yemithandazo yenu ngam, kuba ndi—ndiyayidinga.

Ngoku sifuna ukuya ngokukhawuleza eLizwini.

<sup>30</sup> Kwaye andifuni kunigcina apha kade kakhulu, ngokuba ndiyakholwa kukho uqhagamshelo lomnxeba ekuqumlezeni isizwe, kuyo le ntsasa, luhamba yonke indlela ukusuka kuNxweme lwaseNtshona ukuya kuNxweme lwaseMpuma, ukusuka eNtla naseZantsi. Amaninzi, amaninzi amabandla afumene lendawo njengani nonke apha beniyifumene ukusuka emnqubeni. Iqhagamshelwe ngokunjalo phezulu ePhoenix, okokuba ndaweni yonke iinkonzo zikhona, iya ngqo e... Kwaye bahlanganela emabandleni nasezindlwini, kunye nezinto ezinjeya, ngelincinci elilungileyo iliza. Bathi ikwa ngcono nangaphezu kosasazo. Luqhagamshelo lomnxeba, babeka isamkeli-lizwi okanye umboko, okanye nantoni eyiyo, egumbini. Kwaye bona... Umfazi wam uthe, ukusuka e-Indiana kwiveki ephelileyo, ukuhla ukuya eTucson, ibe iyinto nje enye njengokuma kanye egumbini. Ke siyathandaza ukuba uThixo uyakusikelela bonke abo baphandle ezingcingweni ngale ntsasa, naphina apho bakhoyo. Phezulo eNew York ngoku iyakuba, owu, kusemvakwemini, namaxesha ahlukeneyo njengoko luqumla isizwe.

<sup>31</sup> Ngoku ngaphaya kwiNewadi yabaseRoma, isahluko se-12, kunye nowo-1 nowo-2 imiqolo, sinqwenela—sinqwenela ukufunda esi Sibhalo.

*Ndiyanyivuselela ngoko, bazalwana, ngeemfefe zikaThixo, ukuba niyinyikele imzimba yenu ibe lidini eliphilileyo, elingcwele, elikholekileyo kuThixo, inkonzo yenu ke leyo yasengqondweni.*

*Kanjalo ningamilisi okwelihlabathi: kodwa manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo okulungileyo, nokugqibeleleyo... okulungileyo, nokwamkelekileyo, nokugqibeleleyo, okuyintando kaThixo.*

<sup>32</sup> Ngoku, ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuthabatha umxholo wam wale ntsasa, ku: *Amandla kaThixo Okumilisa Ngakumbi.*

*Ukuze ningamilisi okwelihlabathi: kodwa manibe... kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ngoku, kwaye nikucikide into okuyiyo okulungileyo, nokugqibeleleyo, nokwamkelekileyo, okuyintando kaThixo.*

<sup>33</sup> Sesidala nesiqhelekileyo isiqendwana abathi abaninzi babelusi benu basisebenzisa ukuhla ngexesha lenu. Sisetiyenziwe kusukela Sabhalwayo. Kodwa noko, into enye malunga neLizwi likaThixo, Alisokuze liguge, ngokuba

LinguThixo. Alize liguge. Kuso sonke isizukulwana ngoku, okusondele kacikane, malunga namashumi amabini anesibhozo amakhulu eminyaka, okanye ngcono, eli Lizwi likaThixo libe lifundiwe ngamadoda, abapristi, nanjalo njalo, kwaye Lingazange laguga. Ndibe ndilufunde Lona, ngokwam, okwamashumi amathathu anesihlanu eminyaka. Kwaye ngaxa lonke ndiLifunda, ndifumana okuthile okutsha endithe ndakutsiba kwityeli lokuqala. Ngokuba, Liphefumlelwe, LinguThixo kwimo yombhalo. Yabona, Zizibonakaliso zikaThixo zithetha, kwaye libekwe ephepheni.

<sup>34</sup> Amaxesha amaninzi, abantu bathi, “Kuhle, ngoku, amadoda abhala leBhayibhile.” Hayi. IBhayibhile ithi, Ngokwayo, okokuba uThixo wabhala iBhayibhile. LiLizwi likaThixo.

<sup>35</sup> Kwaye alinakuze Lisilele. Wathi uYesu, “Amazulu nomhlaba ayakusilela, ayakugqitha, kodwa aMazwi aM akasayi kusilela.” Kwaye aLinakusilela, kwaye ekubeni nguThixo, ngokuba Liyinxaleny Yakhe.

<sup>36</sup> Kwaye ekubeni wena ungunyana nentombi Yakhe, uyinxaleny yaLo, kwaye oko kukwenza ube yinxaleny Yakhe. Ke yilonto sisiza kubudlelwane ngokudibeneyo kwiLizwi likaThixo.

<sup>37</sup> Ngoku eli gama *ukumila kumbi*, ndilikhangele kwisichazi-magama, izolo. Xa, ndiphantse ndaphulukana nokulandela ixesha ebekufanele ndibelapha, xa bendikhangela isiqendwana, ndaza ndafumana eli gama, okanye esi siqendwana, gxebe, iSibhalo. Kwaye kwisichazi-magama itsho ukuba “yinto ethile eguquliweyo.” Ifanele “iguqulwe.” *Kumila kumbi*, “yenziwe yahluka kunoko ibe ikuko.” Yayikuko, “Isimilo sayo nayo yonke into ethe yaguqulwa kuyo,” *ukumila kumbi*.

<sup>38</sup> Kwaye ndiyacinga ngale ntsasa, kwiGenesis 1. Eli hlabathi lalisenyanyeni, kwaye kuselubala, nobumnyama buphezu komhlaba; kungekho nto kuphela isiphithiphithi ngokupheleleyo. Kwaye xa eli hlabathi lalikula meko, uMoya kaThixo wanyakama phezu kwamanzi, waze wonke umfanekiso waguqulwa; ukusuka kwisiphithiphithi ngokugqibeleleyo, ukuya kumyezo wase Eden. Lawo ngaMandla kaThixo okumilisa ngakumbi, anokuthabatha into engento ayenze into emangalisayo kuyo. Amandla kaThixo okumilisa ngakumbi!

<sup>39</sup> Kwaye siyaqonda ukuba, ngokufunda iZibhalo, okokuba uThixo wayengamawaka amathandathu—amathandathu eminyaka ekwenzeni olu lungiselelo lwale Eden. Ngoku, Usenokuba wayengekho mde kangako; kodwa nje ukuqikelela, nokuyithabatha eSibhalweni apho Ithe “usuku olunye kuThixo, liwaka leminyaka emhlabeni,” oko kukuthi, ukuba uThixo unokubala ixesha. Kwaye ukuthi yayingamawaka amathandathu eminyaka Awayenawo ekwenzeni umhlaba,

kwaye Wayetyale phezu komhlaba yonke imbewu elungileyo. Kwakukho nje yonke into igqibelele.

<sup>40</sup> Ndinga, amaxesha amaninzi, xa nkqu nabagxeki beqalisa ukufunda iNcwadi yeGenesis, bayaqalisa ukuyigxeka Yona, ngokuba ikhangeleka ngathi Iyaqhubeka Ukuziphindaphinda, okanye ikulahlele phandle apha naphaya.

<sup>41</sup> Kodwa ukuba nje singaqaphela ithutyana, ngaphambi kokuba sifike kwisiqendwana sethu, sokuba, uMoses wabona umbono. Kwaye uThixo wathetha naye. UThixo wathetha kuMoses ubuso ngobuso, umlebe ukuya kwindlebe. Ngoku, Akazange athethe nakomnye ongomnye umntu ngolwahlobo, njengoko Wenzayo kuMoses. Ngoku, uMoses wayemkhulu, omnye wabona bakhulu kubo bonke abaprofeti. Wayengumfuziselo kaKristu. Kwaye ngoku uThixo angathetha, Unalo ilizwi. Liye laviwa. UThixo unakho ukuthetha.

<sup>42</sup> Kwaye uThixo unakho ukubhala. UThixo wabhala Imithetho elishumi ngomnwe OngoWakhe. Wakhe wabhala emadongeni ase—aseBhabheli kwakanye, ngomnwe Wakhe. Wehlela ezantsi waza wabhala entlabathini ngelinye ixesha, ngomnwe Wakhe. UThixo unakho ukuthetha. UThixo unakho ukufunda. UThixo unakho ukubhala.

<sup>43</sup> UThixo nguMthombo walo lonke ubabalo naMandla, kwaye bonke ubulumko Obungcwele, bukuThixo. Ke ngoko, ekwazini oko, Ukuphela koMdali okhoyo. Akukho mdali wumbi kuphela nguThixo. USathana akanakudala, konke konke, uyagqwetha kuphela oko kube kudaliwe. Kodwa uThixo kuphela koMdali.

<sup>44</sup> Ngoko ke, Wadala ngeLizwi Lakhe. Wathumela iLizwi Lakhe. Ke zonke imbewu Athe wazibeka emhlabeni, Wazibumba ezombewu ngeLizwi ElileLakhe, kuba kwakungekho nto ingenye yokwenza imbewu kuyo. Wazibeka zona, kwaye zazingaphantsi kwamanzi. Watsho nje, “Makubekho *lena*, kwaye makubekho *leya*.”

<sup>45</sup> Ngoku siyafumanisa ukuba, amaxesha amaninzi, ikhangeleka ngathi iBhayibhile iphindaphinda okanye isitsho into Engayithethiyo. Umzekelo, kwiGenesis 1 sifumanisa ukuba, “UThixo wadala umntu ngokomfanekiselo Wakhe Yena, kumfanekiselo kaThixo waMdala yena; indoda nenkazana Wabadala bona.” Kwaye emva koko Uyaqhubeka, kwaye izinto ezininzi zenzeka phezu komhlaba.

<sup>46</sup> Emva koko sifumanisa, kwakungekho mntu wokuwusebenza umhlaba. “Ngoko uThixo wadala umntu ngokuphuma kuthuli lomhlaba.” Lowo yayingumntu owahlukileyo. “Kwaye Waphefumla umoya wobomi kuye, waza waba ngumphefumlo ophilayo.”

<sup>47</sup> Umntu wokuqala wayekumfanekiselo kaThixo, ntoleyo inguMoya. UYohane isi-4, uthi, “UThixo unguMoya, kwaye abo bamnqulayo Yena bafanele bamnqule Yena ngoMoya

nangeNyaniso.” Kodwa uThixo nguMoya. Kwaye umntu wokuqala, Awamdalayo, yayingumntu kamoya, kwaye wayekumfanekiselo nakwimfuza kaThixo.

<sup>48</sup> Kwaye wabeka lo mntu kwinyama, waza umntu wawa. Ke ngoko uThixo weza wehla waba kumfanekiselo womntu, ukuze Abenakho ukuhlangula la mntu uwileyo. Elo libali lenene leVangeli, kolwam—kolwam uluvo.

<sup>49</sup> Ngoku, uThixo, kumawaka amathandathu eminyaka, wayehlwayela zonke ezi mbewu zimangalisayo, okanye Wathetha iLizwi Lakhe. “Iyakuba *ngale* ndlela. *Lo* mthi uyakuba njalo. *Lona* uyakuba njalo.” Yonke into yayigqibelele. Yayintle nje. Kwaye wayalela yonke nganye yezo mbewu ukuba ziyakuba njalo, ziyakuzimilisa ngakumbi ekubeni sisityalo sohlobo olo lobomi elithe iLizwi likaThixo layithetha kuyo ukuba ibe yiyo. Ukuba yayingumthi wom-oki, yayifanele ivelise um-oki. Ukuba yayilusundu, wawufanele uvelise isundu.

<sup>50</sup> Ngokuba, uMdali omkhulu esandula kuthumela iLizwi Lakhe, kwaye imbewu yeLizwi yayiphaya ngaphambi kokuba imbewu yenene ibunjwe. Kwaye iLizwi labumba imbewu. Yabona, “Wenza ihlabathi ngokuphuma kwizinto azingabonakaliyo.” Yabona, We—Wenza ihlabathi ngeLizwi Lakhe. UThixo wathetha yonke into ekubeni ibekho.

<sup>51</sup> Kwaye ekubeni nguThixo, uMdali, ethetha zonke izinto zibekhona, kufanele ukuba yayilihlabathi eligqibeleleyo. Yayiyindawo e—entle. Yayiyi—yiparadesi yenene apha emhlabeni.

<sup>52</sup> Ngoku, njengoko, yonke indawo kufanele ibe nekomkhulu ndaweni ithile. Le nkomfa inekomkhulu, kwaye esi sahluko sinekomkhulu, kwaye ibandla linekomkhulu. Kwaye uThixo unekomkhulu. Kwaye ke le ndawo inkulu, isizwe esihlala kuso, sinekomkhulu. Kwaye ke nale Eden inkulu yayinekomkhulu, kwaye ikomkhulu layo lalibekwe emyezweni we-Eden, okanye e-Eden, empuma yomyezo.

<sup>53</sup> Kwaye uThixo wabeka phezu koku, ukulawula yonke indalo Yakhe apha emhlabeni, unyana Wakhe kunye nomtshakazi kanyana Wakhe, u-Adam no-Eva.

<sup>54</sup> UThixo wayenguYise ka Adam. “U-Adam waye e... ngunyana kaThixo,” ngokweZibhalo. Wayengunyana kaThixo.

<sup>55</sup> Kwaye uThixo wamenzela umncedisi, ngokusuka emzimbeni wakhe; mhlawumbi ibambo olusuka ngaphaya kwintliziyi yakhe, ukuze abe nokusondela kuye, waze wamenzela ongumncedisi wakhe. Eneneni yayingekabi ngumfazi wakhe, hayi ngaphezulu kunokuba yayingumntu okwangoko; Wayeyithethile nje. Kwaye apho kulapho ingxaki ifikayo, uSathana wamfumana ngaphambi kokuba u-Adam amfumane. Ke, yayiliLizwi nje Lakhe Awayelithethile.



<sup>56</sup> Ndiyakutsho oko, andifuni kuchitha xesha lininzi kuyo. Kodwa abanye benu bangathi bafumane ukubhideka, ingakumbi abanye babantu phezu e—ngaphandle eZantsi, bakhangeleka bekufumana oku kubhidisa kancinci, kuMyalezo endibenawo usuka kuThixo namhlanje, usiya ebantwini, okuya malunga nembewu yenyoka. Kwaye ndizakugoduka, iNkosi ithandile, ngenye yezi mini, ukuya eJeffersonville. Ndifuna malunga nomyalezo weeyure ezintandathu, ndikululeke oko konke, yabona, ukuze kuyibeke nje kwimo owothi wazi oko sithetha ngako. Kwaye ingu ITSHO INKOSI. Inyanisile nje ngoko yayinjalo xa Yabona uDade uFlorence ngaphambi kokuba emke, kwiminyaka emininzi. Yabona, IyiNyaniso. Kwaye ngoku, thina, mhlawumbi ayiqondwa.

<sup>57</sup> Ukuba umntu othile angeza kum, into enxamnye, bendinokuyiqonda ngokuphosakeleyo ngahlobo luthile, ngokunokwam. Bendingayi kufuna ukugxeka oko nabani akutshoyo. Asifanele kugxekana omnye nomnye. Andinatyala lokwenza oko; ndibulela iNkosi. Ndiye ndagxeka isono nokungakholwa; kodwa hayi isiqu somntu, yabona, a—andiyenzi. Singa—ngabazalwana noodade, sizama, siyehlala ezantsi apho uDade uFlorence eze khona izolo kusasa, yabona. Yena, thina, sonke kufuneka siye ngalaa ndlela. Kwaye asiyonjongo yam uku—ukuzama ukugxeka umzalwana okanye udade ongasayi kuvumelana nawe. Hayi, makube lee kum ukwenza oko! Andicingi ningaze nifumane iteyiphu endakhe ndabiza igama lomntu kuyo. Ntoleyo, endiye ndaziva ukuba amaxesha amaninzi umntu wayengalunganga, kodwa oko kuphakathi kwabo noThixo. Kodwa yintoni engalunganga, endleleni yesono ne... Kwaye ukuqonda ngokuphosakeleyo ngamanye amaxesha ayisiso nesono, kukuqonda ngokuphosakeleyo nje kwabantu. Kwaye ndi—ndicinga ngamnye kuthi unelungelo lokuvakalisa iziqu zethu ekuqondeni kwethu.

<sup>58</sup> Ngoku lo Mdali mkhulu wabeka unyana Wakhe odaliweyo. Ngoku, u-Adam wayengunyana Wakhe odaliweyo wokuqala. UYesu wayengokuphela *kwamzeleyo* uNyana, yabona, Wazalwa ngumfazi. Kodwa u-Adam wayephuma nkqo esandleni sikaThixo, endalweni.

<sup>59</sup> Ngoku ikomkhulu, noWakhe—unyana Wakhe kunye nomtshakazi wonyana Wakhe phezu kwako konke, yakhangeleka gqibeleleyo kangako. Nankuya u—umntu, intloko yako konke kwayo, uNyana Wakhe nomtshakazi wakhe.

<sup>60</sup> Kwaye yonke imbewu yayigqibelele, amasundu, nemi-oki, nengca, neentaka, nezilwanyana. Kwaye yonke into yayikucwangco olugqibeleleyo kunye neMithetho kaThixo, “Sukuguqula indalo yakho. Velisa ngokohlobo lwayo, yonke imbewu! M-oki, ungaze ugqwethekele kumthi wepopo.” Yabona? “Sundu, ungagqwethekeli kwinto engenye. Kodwa

yonke imbewu ngokohlobo lwayo!” Kwaye Wa—Wayiqaphela ekuhambeni ngawo amaxesha.

<sup>61</sup> Kwaye Wayelithethile iLizwi. Namakhulu amandla Akhe okudala ayezibumbile ezi zinto ezavelayo, kwa nkqu nendoda nenkazana. Kwaye babeyintloko ngokuba babeyi... Babengaphezulu kwazo zonke ezinye iintlanga. Kwaye Wababeka nabo ngokujalo phantsi kokhathalelo lwento ekwanye Awathi wabeka imithi, izilwanyana, nanjalo njalo: iLizwi Lakhe. Kufuneka bangaze, nangayiphi indlela, balophule ela Lizwi. Kufuneka bahlale Phaya. “Bangaze basuse nenye into kuLo, okanye bongeze nenye into kuLo! Kufuneka uphile ngeli Lizwi.”

<sup>62</sup> Kwaye okoko laa ndalo yayinokuhlala ngolwahlobo, uDade Shakarian ebengayi kufuneka emke ngale ntsasa, oko nje ibinokuhlala ngolwa hlobo, ubutyebi obukhoyo obukhulu bukaThixo! Koko sikholelwa ukuba sikhokelelwa emva kuko. Siya emva kokuya, laa ndawo.

<sup>63</sup> Apho laa ntsasa yesixhenxe, xa uThixo wajoga phezu kwako konke, Waza wathi, “Ilungile. Ndi—ndikholisekile ngayo. Ehe, Ndi—Ndi—Ndiyavuya ndiyenzile. Kwaye konke ngoku kuphantsi kolawulo. Kwaye ndibeke ukuthemba kunyana waM nomfazi wakhe, okokuba—okokuba baya (ndibenze intloko yayo yonke yayo), okokuba bayakuyijonga yonke baze babone okokuba konke kulungile, okokuba yonke into iyakovelisa ngokohlobo lwayo. Ngoku unamandla okukwenza oko.” UThixo wathi emva koko, “Kulungile, ukuba konke kulunge kangako, kwaye ayinakuba yinto engenye, ngokuba ngumnqweno ongowam. Iyindlela endiyifunayo ngayo. Kwaye Ndiyithethile ngala ndlela, kwaye amazwi am ayizise kanye nkqo ngendlela beNdiyifuna ngayo. Kwaye nantso. Ilunge yonke!” Ke iBhayibhile yathi, “UThixo waphumla ngosuku lwesixhenxe, kuyo yonke imisebenzi yakhe.”

<sup>64</sup> Kwaye yonke into phantsi kolawulo, ukuvelisa ngokohlobo lwayo. Ngoku khumbulani, “ukuvelisa.” Xa wafaka imbewu emhlabeni, imbewu ingavelisa kuphela ngamandla obomi obungaphakathi kuyo, ukuyimilisa ngakumbi ukusuka kwimbewu ukuya kwisityalo, okanye nantoni na eyayiyiyo. Amandla Akhe okumilisa ngakumbi! Ngoku, uThixo wabeka imbewu khona phaya, nezakhono zokuba iyakuba koko Athe iya kuba kuko. Kwaye okoko nje ihleli kuluhlu olulolwayo, iyakuba nkqo koko uThixo athe iyakuba kuko. Ifanele ibe ngalaa ndlela, ngokuba Wayenza ngalaa ndlela, kwaye wenza ijelo. Kuba, yonke into ehlala kwijelo Lakhe, kungca Wakhe weLizwi, iyakufanela ivelise nkqo njengoko iLizwi Lakhe litshilo liyakuyenza. Ayinakusuka phaya. Ihanjiswe kanye ngqo kakuhle. Ke, ngayo yonke into kulondolozo lonyana OngoWakhe, lokuba iyakuba ngalaa ndlela, waza uThixo wathi, “Kulungile konke, ke Ndiyakuphumla nje. Kwaye nganye yezo mbewu

inamandla kuyo ngokwayo, okuzimilisa ngakumbi kudidi Endinqwenela ibe lulo. Yilonto ekufuneka ibe yiyo, ngokuba ndiyinike yonke imbewu amandla okuguqula, okuvelisa kuyo, kwizakhono zayo ngoku okuzivelisa nkqo oko ndifuna ibe kuko.”

<sup>65</sup> UThixo zange waguquka. Nje okwamnye namhlanje njengoko Wayenjalo ngoko! UThixo uzimisele ekwenzeni into. Uyakuyenza. Akukho nto izakuMnqanda. Uzakuyenza!

<sup>66</sup> Ngoku emva kokuba konke kukuhle kwaye kubekwe ngocwangco, uThixo waziva qinisekileyo ngoku ukuba oku kuyakulunga, kwaye emva koko, xa Wakwenzayo, laza langena utshaba. Ndizaku...UThixo wanikeza amandla okumila ngakumbi. Kwaye ndizakumbiza lo mfo, namandla hayi uku—ukudala kwakhona, kodwa ndiza...Wayenamandla okukhubaza, hayi ukumilisa ngakumbi; kodwa ukukhubaza. Ngoku, nantoni na ekhubazekileyo ithatyathwe yasuswa kwisimo sayo semvelo, kukho into ehambe phosakeleyo nayo.

<sup>67</sup> Kwiminyaka emininzi eyagqithayo, ekukhangeleni umonakalo kwiingcingo zombane, ndihamba phakathi kwamasimi ombona, bendiyakucinga nge, kwakukho isebe elavuthululwa lasuka emthini, kwaye lawela phezu kwediza lombona. Kwaye idiza lalizama okwalo okungcono ukuvuka lime nkqo njengoko lalifanele ukuba njalo, kodwa lalikhubazekile ngokuba laa nto ithile yayenzekile. Kwaye ukhuni lwalulele phezu kwalo.

<sup>68</sup> Emva koko sifumana ukhula olunabayo entsimini. Ntoleyo, abaninzi benu madoda apha, kwaye mhlawumbi abanye benu bafazi...ukuba nisuka eKentucky. Abafazi basebenzisa igaba phaya ngokufanayo namadoda, baye emasimini kunye ne—kunye negaba, silibiza elidala elibuntloko yerhanisi igaba, sigece u—ukhula olunabayo. Kuba, ukuba akulisusanga elo khula lunabayo, apho umbona ubusemgceni, *ngolu* hlobo, ngoko ukhula olunabayo luyakufikelela ngaphaya, liqakule laa mbona, lizibhijele ngokuqhubekeka, ngokulula kakhula, mnyebelelana, okokuba kubenzima ukuchaza ukuba belizibhijela. Kuze ekugqibeleni liqinise ngokuqinisa, lize liwutsale laa mbona de ube ngokhubazekileyo. Liwutsalele kulo, liwubhijela kumdiliya ongowalo; liwukhubaza ukusuka koko ubukuko, ukuze ube yinto yimbi. Nakubeni kunjalo ngumbona, kodwa ngumbona okhubazekileyo.

<sup>69</sup> Kwaye sonke sisekumfanekiselo kaThixo. Kodwa abanye bakhubazeke kangako, njengoonyana bakaThixo, abanxaxhayo eLizwini Lakhe nakwindlela athe—athe Wasenzela yona nasinike yona ukuba siyihambe. Ebeka into, ihlabathi lisijijile lasisusa endleleni, lasitsalela lasisondeza kulo, nakude kulowa uthe tye, umxinwa umgca Athe wasityala kuwo, ukuze sibe

ngoonzana neentombi zikaThixo. Isono siyenzile lento imbi koonzana neentombi zikaThixo.

<sup>70</sup> Umkhubazi! Ndiyazi oku kukhangeleka bungaqelekanga ukuthetha ngako ngale ndela, “uku—ukukhubaza,” kodwa yilonto waye eyiyo; wakhubaza, okanye wagqwetha. *Ukugqwetha* kuthetha “ukuguqulelwa, ukwenziwa nto yimbi.” Kwaye *ukukhubaza* yinto ekwanye, yokuba ibizisiwe yaza yakhutyazwa, kwaye “yenziwa ngenye indlela.” Nakubeni kunjalo iseyimbewu enye, kodwa ikhutyaziwe.

<sup>71</sup> Ngoku sifumanisa ukuba lo mkhubazi wabanalo kananjalo elingumlinganiselo omnye ixesha, lokukhubaza, njengoko uThixo wamilisa ngakumbi. Ngoku watyala imbewu yakhe, okanye, zange atyale imbewu yakhe, yena... emyezweni we-Eden. Kusukela ngela xesha, waba namawaka amathandathu eminyaka okukhubaza iMbewu kaThixo, iLizwi likaThixo; ukulikhubaza Lona, ukulenza Libe yinto ethile eyahlukileyo; xa yena... ityeli lokuqala awathi u-Eva waphulaphula kuye, waza wazifumanela nje enye encinci intetho.

<sup>72</sup> Khumbulani, kuqala uSathana wacaphula esasiSibhalo nje ngokucacileyo kangangoko sinokuba njalo, “Utshilo uThixo ukuba, ‘Nize ningatyi kuwo wonke umthi emyezweni we-Eden?’” Yabona? “Aniyi kudla kuwo wonke umthi?”

<sup>73</sup> Kwaye khumbulani ngoku, u-Eva wathi, “Ewe, singadla kuwo wonke umthi; kodwa umthi osembindini womyezo, akufuneki nkqu siwuchukumise.” Ngoku mbukele, kumyalezo wakhe, ejija elaa Lizwi nje intwanana. Ekuthini... Wathi u-Eva, “Kuba uThixo utshilo, okokuba, ukuba sikwenzile oku, ngaloo mini siya ‘fa.’”

<sup>74</sup> Wathi, “Owu, ngokuqinisekileyo anisayi kufa.” Yabona, wayeyi—yindoda, wathi, “Nina, yenzani oku ngoku. Kwaye, nina, niluhlobo olungazinto lwabantu. Nina, ngenene, anizazi zonke izinto. Kodwa ukuba nje ninokuthabatha inxaxheba koku, emva koko niyakuba nobulumko, niyakuba nolwazi. Niyakwazi okulungileyo kokungalunganga kwaye nibe nje ngoothixo, nina, ukuba nje ningathabatha inxaxheba kobu bulumko endinabo. Ndiyazi, kodwa anazi.”

<sup>75</sup> Ntoleyo, kulungile konke ukuba nobulumko. Kodwa ukuba ubulumko buchasene, ukuba ubulumko asibobulumko obuchanekileyo obuvela kuThixo, ubulumko obuNgewele, buze bube bubulumko bendalo; andikhathali ingakanani inzululwazi esinayo, nokungaphezulu, okanye imfundo, yekamtyholi. Ndiyakuyiqondakalisa kuwe, iNkosi ithandile, kwimizuzu embalwa. Yekamtyholi.

<sup>76</sup> Impucuko yekamtyholi. Ndisandula ukugqitha ekushumayeleni oko. Yonke inkcubeko emhlabeni, onke amandla obunzululwazi, nayo yonke into, yekamtyholi. Yivangeli yakhe awayishumayelayo, yolwazi, emyezweni we-

Edeni. Kwaye uthabathe olwalwazi, ulwazi olugqwethiweyo, luchasene neLizwi nentando necebo likaThixo. Kwaye ngoku ubenamawaka amathandathu eminyaka okwenza kanye nkqo oko uThixo akwenzileyo, kuphela ngendlela egqwethekileyo, nokuthatha umlinganiselo okwamnye wexesha ukuzisa eyakhe i-Edeni ngaphakathi. Ngoku unayo i-Edeni apha emhlabeni, kwaye izele bubulumko, ulwazi. Leyo yayiyivangeli yakhe ekuqalekeni, ulwazi, ubulumko, inzululwazi. Zange uThixo wanikeza okunjalo. Kwaye ndi—ndifuna niqaphele umzuzu. Wenza oku, kwaye ngokuba wayeyindoda yobulumko behlabathi.

<sup>77</sup> Ngoku, kunzima ukutsho oku. Ku—kunjima kakhulu, ngokuba ukuthetha ebantwini abaziva ngendlela enye endiva ngayo, nangendlela endibe ndiyiyo iminyaka emininzi. Kodwa kusukela ekuvulweni kwaloo Matywina Asixhenxe, azo ezaNgelosi nje emva kwentaba ngaphaya, *Lena* ibe yiNcwadi entsha. Zizinto ebezifihliwe, ziyatyhilwa njengoko uThixo ethembisile kwiSityhilelo 10, Uyakuyenza. Kwaye singabanenyhweba abantu athe uThixo wabakhetha, basemhlabeni, ukuze sibe nokubona nokuqonda ezi zinto; ntoleyo engebobuntsomirha, ingqondo yasenyameni yomntu ezama ukuyenza. LiLizwi likaThixo libonakalisiwe, liqondakalisiwe, okokuba Lilungile. Liqondakalisiwe, hayi ngenzululwazi; kodwa nguThixo, okokuba Lilungile. UThixo, njengoko nditshilo ngaphambili kumyalezo, uThixo akadingi namnye umntu wokutolika iLizwi Lakhe. Yena Ungozitolikela Buqu. Utshilo iyakwenzeka, kwaye iyenzenka. Leyo yi, U—Uyaliqinisekisa lona, oko kuyalitolika.

<sup>78</sup> Kwiminyaka embalwa eyagqithayo xa, thina bantu bamapentekoste, xa a—amanye amabandla asixelela ukuba si “phambene,” “sasingenakho, uMoya oyiNgcwele yayiyinto egqithileyo.” Kodwa safumanisa ukuba isithembiso sikaThixo sasisesalowo othandayo, kwaye ngoku sazi ngokwahlukileyo. Yabona, kwaye oko kokuncinci kancinci, lento iye yavuleka.

<sup>79</sup> Kwaye ngoku Wathembisa ukuba iimfihlelo ezazifihliwe kuzo, zonke ezo zigaba zamabandla, ziyakutyhilwa kanye ekupheleni kwexesha. Kwaye Usivumela sakwazi ngoku. Sikwisiphelo sexesha. Silapha ngoku.

<sup>80</sup> Ngoku, uSathana ngumqambi wempucuko. Ngumqambi wobunzululwazi. Ngumqambi wemfundo.

Uthi, “Ingaba oko yinyaniso?”

<sup>81</sup> Kulungile, masifunde eLizwini likaThixo ngoku, iGenesis isi-4, size sibuyele emva nje ukubona okomzuzu. Ndiyazi ndinga, ukuba ndiba mde, uMzalwana uCarl mhlawumbi uyakundixelela. [Umntu othile uthi, “Ilungile yonke.”—Mhl.] Kodwa, iGenesis, isahluko sesi-4, nomqolo wesi-16, iyaqhubeka ichaza apha, ekuqalekeni, yintoni uThixo awayenzayo

kucwangco, ukubeka isiqalekiso phezu kwendoda nomfazi, nakuko konke oko babeyakwenza; kwaye hayi *isiqalekiso* kubo, kodwa ukubaxelela oko kuyakwenzeka, nokuqalekisa umhlaba ngenxa ka Adam. Kwaye siyafumanisa apha ngoku, ukuba u-Eva wayenamawele. Kwaye elinye lawo yayilelikaSathana, elinye ilelikaThixo.

Ngoku uthi, “Owu, hayi! Hayi. Ngoku, Mzalwana Branham!”

<sup>82</sup> Nje umzuzu. Ndifumanele iSibhalo sibe sinye, naphina, esitshoyo ukuba uKayin waye ngunyana ka Adam. Ndiyakukubonisa eSibhalweni apho Sitshoyo, “UKayin wayengowalowo ungendawo,” hayi u-Adam.

<sup>83</sup> Ngoku qwalasela xa wakhawulayo apha. Siqalisa kwisahluko sesi-4, kuqala.

*U-Adam wamazi . . . umfazi wakhe; waza wakhawula, wazala uKayin, waza wathi, ndizuze . . . wathi ngoku, ndizuze unyana ngoYEHOVA.*

<sup>84</sup> Kakade, ifanele ibe njalo. Akukhathaliseki nokuba yayiliheniyukazi okaye nantoni, yayifanele ize ngoThixo, yabona, ngokuba leyo yimbewu Yakhe, ngumthetho wembewu Yakhe, kufanele ivelise nokuba yimbewu eyonakeleyo, imbewu egqwethekileyo, nokuba yintoni eyiyo. Ifanele ivelise, nakanjani. Ngummiselo Wakhe.

*Waze kwakhona wazala umntakwabo u-Abheli.*

<sup>85</sup> Akukho kwakhona ukwaziwa kwakhe. U-Adam wamazi umfazi wakhe, waza wazala uKayin waze kananjalo wazala u-Abheli, amawele. USathana wayenaye ngalaa ntsasa, u-Adam ngalaa mvakwemini.

<sup>86</sup> Uyayibona ingxambuliswana enkulu ephepheni apha, ndiyakholwa, eTucson ngoku, yalamfazi ovelise umntwana ontsundu nomntwana omhlophe, ngaxesha linye. Uphile nomyeni wakhe ngalaa ntsasa, kunye nendoda ngalaa mvakwemini. Kwaye indoda iyakuhoya, indoda emhlophe ithe iyakukhathalela owayo umntwana, kodwa indoda entsundu iyakufuneka ikhathalele owayo. Yabona? Ndiyakwazi oko, ekuzaliseni izinja nanjalo njalo, ngenene iyakwenzeka, ukuba ikwiiyure ezimbalwa emva koko. Oku kuyayingqina.

<sup>87</sup> Ngoku ukubonisa apho impucuko ivela khona, ngoku masifunde iGenesis ngapha, kwisahluko sesi-4 seGenesis kwakhona, sibone kuphi. Umqolo we-16.

*Waze wemka uKayin ebusweni bukaThixo, wahlala kumhlaba kaNod, kwicala lasempuma yeEdeni.*

*Waze uKayin wamazi umfazi wakhe; wakhawula, wazala u-Enoch: kwaye wakha isixeko, waza walibiza igama lesixeko, emva . . . konyana wakhe, u-Enoch.*

<sup>88</sup> Impucuko yaqalisa. uGqirha Scofield, apha kwiBhayibhile yam kaScofield, ithi, “Impucuko yokuqala.” Qwalasela, emva koko wavelisa oonyana, kwaye benza amahadi nemiculo. Olandelayo wavelisa oonyana, kwaye waqalisa ukwenza ezinye izinto, imimangaliso, wakha izixeko, kwaye—kwaye benza izixhobo zesinyithi, nazo zonke iintlobo zezinto. Yabona, yilonto awayenzayo, yaba yeyokuqala impucuko, eyayiyinzala kaKayin. Wenze kwa into enye ukuhla ngazo izigaba.

<sup>89</sup> Ngoku masifike phaya ngomqolo wama-25, kwaye qaphela yintoni eyalandelayo.

*U-Adam wabuya wamazwi umkakhe, ngoku, waze wazala unyana, wathi igama lakhe nguSete: Kuba uThixo, wathi umfazi, undimisele enye imbewu esikhundleni sika Abheli owabulwawa nguKayin.*

*USete...USete naye, wazalelwa unyana; wathi igama lakhe nguEnoshe: kwaqalwa oko ukunqulwa igama likaYEHOVA (kwicala likaSete, hayi icala lenzala kaKayin).*

<sup>90</sup> Yabona, obu bukrekrekrele bukhulu esithe sonke sabambeleva kubo! Yintoni ubukomanisi namhlanje, yintoni uthixo wabo? Bubukrekrekrele, inzululwazi. Yintoni esiyenzayo, kakade? Kuphi apho siphila khona? Gqala la mazwi.

<sup>91</sup> Ngoku unohlobo lwakhe lwe Edeni, uSathana unayo ngoku. Kule imawaka mathandathu iminyaka, ubumbile (hayi ukudala), kodwa, ukhubaze wonke umhlaba kaThixo; izidalwa zakhe, izilwanyana, ukuxubaniisa uzalo, ukuxuba; imithi, izityalo, abantu; nkqu nakwinkolo, iBhayibhile, ibandla; ade abe uzifumanele ophelileyo umyezo we Edeni, yenzululwazi, yonke into ishukuma ngobunzululwazi. Inqwelo mafutha zethu, yonke into esinayo, yanikezwa kuthi yinzululwazi, into umntu ayenzileyo. Kwaye unomyezo wakhe omkhulu i-Edeni apha; ukuqondakalisa uMyalezo usexsheni, ukuqondakalisa ukuba ayisiso esinye isigaba kodwa iSityhilelo i-10! Jonga kuxubaniisa namhlanje, ukwenza engcono, okanye, eyona intle, hayi engcono. Jonga kubantwana abancinci namhlanje.

<sup>92</sup> Ndise umntwana wam kugqirha wamazinyo, izolo, kwaye uthe amazinyo akhe ayajijeka. Umzalwana ezantsi eTucson, uMzalwana Norman, ebenentombi yakhe encinci, namazinyo ayo ekhabela ngaphandle. Waze ugqirha wamazinyo watsho ukuthi kwamsinya, uyakholelwa, oko kusenokuba kumaxesha azayo, abantu bayakuzalwa, amazinyo ekhula nangayiphi indlela. Kukutya esikutiyayo, ukutya okuxutyiweyo.

<sup>93</sup> Ingaba ufundile iReader's Digest, kwinyanga ephelileyo, malunga noBilly Graham, ohloniphekileyo umvangeli? Ingaba beniphulaphule kuye? Ndiyamthandazela ngoku ngaphezu kunakuqala. Xa wayethetha kwabo bagqwethe iikhola, nanjalo njalo, ngobunye ubusuku, eyibeka kwesasifundisi. Into ethile

yenzekile kuye. Ngenye yezi mini, ndiyathemba uyakuyibona indawo yakhe apho akhoyo, qwalaselani, ngoku ibiza eSodom, esa sixeko sigqwethekileyo. Kwaye ngoku qwalasela oku kwi *Reader's Digest*, uBilly ube buthakathaka kakhulu wade wabe akanakukwazi ukubamba imihlangano yakhe. Kwaye bamxelele ukuba kufanele abaleke, enze ezemithambo, nanjalo njalo. Ke ubaleka imayile ngasuku ngalunye, ndiyakholwa iyiyo, okanye into ethile, ukwenza imithambo.

<sup>94</sup> Umntu ubolile. Lonke uhlanga loluntu lonakele. Yonke into injengokuba yayinjalo kwixesha eliphambi kongumbe. Iphazamisekile ngokupheleleyo, iguqulwe, yahlukile kumgca othe tye athe uThixo wabatyalala kuwo. Isono, ngenzululwazi nenkohliso, ijije lonke uhlanga loluntu.

<sup>95</sup> Ingaba ufundile kanaanalo ngaphantsi kwenqaku lomhleli, apho ithe, “Kule mihla, ukuba amantombi amancinci namakhwenkwe asesiqingatheni sobudala babo, ngokobume bomzimba, phakathi kwamashumi amabini namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala.” Yicinge.

<sup>96</sup> Kucalulo ngobunye ubusuku, ndathabatha intombi emashumi amabini anesibini eminyaka ubudala, engasayiyi exesheni, ndayibiza. Kwaye koko ugqirha wayo wayixelelayo.

<sup>97</sup> Yabona, leliwileyo, eliphasalakayo, elibopheleleke-lisinge esihogweni elonakeleyo uhlanga. Ndiyazi oko akuvakali ngokwamkelekileyo, kodwa ingokweBhayibhile, yabona, ukuba oko yinyaniso; kwaye olu hlanga esiphila kulo, esi sizukulwana sabantu.

<sup>98</sup> Ngoku qwalasela namhlanje, ukuxutywa ukuzaliswa kweenkomo, ukuxutywa ukukhuliswa kwezityalo; kwaye inzululwazi ibuyela kanye emva, inzululwazi enye eyenzayo, ithi, “Okoko kutshabalalisa uhlanga loluntu.” Uyayifunda ngendlela enye njengoko ndisenza. Kuhle, kutheni bengayinqandi? Kungokuba abanakuyinqanda. ILizwi likaThixo litshilo iyakuba ngalaa ndlela. Kodwa ukuba bayakucinga nje okomzuzu, bazizixhobo, njengo Judas Skariyoti, bebeka kanye into athe uThixo iyakwenzeka. Iyayenza kanye nkqo kwimiba yabo yenzululwazi.

<sup>99</sup> Ngophando lwakhe lobunzululwazi, kwindlela ekwanye awalukuhla ngayo u-Eva, uthe kanaanalo walukuhla ibandla, ntolelo phaya u-Eva waye engumfuziselo. Ngoku, ngoku u-Adam umfuziselo phaya kwakhona, okanye u-Eva, gxebe, webandla, qwalasela into elayenzayo. Ekubhaduleni ngenxa yokufuna ulwazi, watyibilekela ngaphaya komgca phakathi kokulungileyo nokungalunganga, ngokuphulaphula kugqwetho lukaSathana, okanye inkubazeko, yeLizwi lemvelo likaThixo.

<sup>100</sup> Kwaye ngoku amabandla namhlanje aye angakhubazekileyo. Ngoku andithethi ngabantu, iziqu. Ndithetha malunga nebandla lehlabathi. Elinye lijijeke ngendlela enye, nelinye lijijeke ngenye,



kwaye, ngenzululwazi. Uhlobo olunye awalenzayo. Wafezekisa izigrogriso zakhe, USathana uyenzile, zika Isaya i-14:12.

<sup>101</sup> Masifunde oko nje umzuzu. KwiNcwadi ka Isaya, masiqalise isahluko se-14, umqolo we-12.

*Utheni na ukuwa ezulwini, Owu Lusifa, nyana wesifingo! Utheni ukukhahlelwa uwe emhlabeni, mngquli weentlanga!*

Lona ngu Isaya embona embonweni, yabona, kwisigaba esizayo.

*Kuba wena wathi entliziyweni yakho, ndiyakunyukela ezulwini, ndiyinyuse introne yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi zikaThixo: ndihlale entabeni yentlanganiso, . . . engontsini yasantla:*

<sup>102</sup> Injongo kaSathana, ukusuka e-Edeni, yayiyeyokuzenzela yena siqu eyakhe i-Edeni; aze aziphakamisele ngasentla, ukuze iinkwenkwezi zikaThixo zimnqule, oonyana bamnqule. Kwaye ngokuqinisekileyo ukwenzile oko ngoku, kwaye xa ekwenzile oku kwaye ukuzise ebandleni. Ntoleyo, endingasayi kuyingena ngeenkukacha. Nabani kuni ophulaphula kuzo iiteyiphu uyazi malunga nayo. Okokuba, leyo yeyona yure esiphila kuyo, kwaye nguSathana oyenzileyo ngenkqubo yezemfundo, okungcono ukufaneleka, okungcono *oku*, okungcono *okuya*. Kwaye bengazi, lonke ixesha, bahamba besiya kanye nkqo ekufeni. Abamfamekisiweyo, bekhokela iimfama, iinkokheli ezimfanyekisiweyo zezizwe, iinkokheli ezimfanyekisiweyo zenzululwazi, iinkokheli ezimfanyekisiweyo zebandla, iimfama zikhokela abamfanyekisiweyo. Watsho uYesu, “Bayekeni, bayakweyela bonke emngxunyeni.”

<sup>103</sup> Apha qaphela uhlobo lwee Edeni ezimbini zifuziselana ngokusondelelene kakhulu, de phantse zikhohlise nabona Banyuliweyo. UMateyu 24:24 wathi iyakuba ngala ndlela. Kodwa ndifuna sime nje okwemizuzu embalwa ndingqale ezi Edeni zimbini, kwaye into enye ngokukhethekileyo, indlela iBhayibhile esixelelayo ukuba iLizwi likaThixo lavelisa laa Edeni, kwaye nendlela iLizwi likaThixo elisilumkisa ngayo ukuba enye i-Edeni iyakuza.

<sup>104</sup> Ngoku, kanaanjalo siyazi ukuba kufanele kubekho enye i-Edeni, ukuba besiyakumamela kanaanjalo kumprofeti, uPawulos, kumaTesalonika eSibini isahluko sesi-2. NdingaYifunda ukuba niyafuna.

Lowo uziphakamisileyo; *ayinakufika* loo mini, yeNkosi, ade *umntu wesono atyhilwe, . . .*

*. . .lowo uhleli etempileni kaThixo, eziphakamisele ngaphezu kwako konke okubizwa uThixo, ukuze yena njengoThixo anqulwe njengoThixo.*

105 Cinga ngalonto! Ngoku u-Isaya 14, umprofeti wathi wabona u “Lusifa, entliziyweni yakhe,” ngombono phantsi kwentambiso kaThixo, “esithi uyakukwenza oko.” Ku Isaya, amakhulu asibhozo eminyaka ngaphambi koPawulos, okanye malunga noko.

106 Ngoku apha, amakhulu asibhozo eminyaka kamva, uPawulos uyambona, esiza endaweni yakhe. Qaphela, iyenyuka, i-Edeni yakhe; i-Edeni yakhe yenzululwazi, nehlabathi lakhe lobunzululwazi, kunye nomtshakazi webandla lobunzululwazi, bonke phantsi kwe—kwegama lo “lwazi,” izikolo ezinkulu zebhayibhile, izidanga ezinkulu, iinkqubo zemfundo.

107 Phulaphula, mzalwana, dade, ngamnye kuthi uzakuhamba laa ndlela athe uFlorence wayihambayo. Ndiyanicela, eGameni likaYesu, ukuba nikugqale Oku. Hayi ukugqala mna. Ndingumzalwana wenu. Oko, asikuko. Gqalani iLizwi endilithethayo, leBhayibhile kaThixo. Kwaye nijonge ngalo, ligqinelwe ngokugqibeleleyo kwelileLakhe iLizwi uThixo, kwisigaba esiphila kuso, apho sikhoyo.

108 Ezi nkqubo zingumchaskristu ngokugqibeleleyo, kuzo ngokwazo. Ngoku, kufanele abe ne Edeni, uthe uyakuyenza. Nali iLizwi likaThixo elilula lisithi uyakuyenza, kwaye apha sijonga kanye kwaye siyambona eyenza. Uyenzile ngowakhe wobukrelekrele, wobunzululwazi, umtshakazi wobuhlelo. Uzakuthabatha intloko, ngenye yezi mini, kwiQumrhu leCawa Zehlabathi eliyakumiswa. Zonke ziyakuba kuba kunye naye. Zizama . . .

109 Abantu, hayi kuba bengabantu abangalunganga; babetyalwe kulamga uthe tye, njengombona, kodwa uSathana wahlwayela ukhula olunabayo, olubizwa inzululwazi, uphando, imfundo, izidanga zobugqirha. Ngamanye amaxesha abasayi kukuvumela epulpitini ude ube nokuvelisa isidanga sobugqirha esisuka kwesinye isikolo sebhayibhile ndaweni ithile. Ayilunganga yonke! Hayi abantu; yinkqubo engalunganga. Kwaye ngoku yintoni eyenzileyo? Iyenyukela yonke kwakhona, kwaye yazisa ihlabathi lonke liphela (ilisa kwigquba lokuxutyaniswa, ukugqwetheka kweMbewu yemvelo kaThixo) ukulisa komnye umbhodamo wobumnyama.

110 Kodwa ndiyavuya kakhulu uThixo uyakhathala ngathi kwakhona, okokuba Usenakho ukufukama ngaphezu kwemeko. Wathembisa ukuba Uyakuyenza, kwaye abize umhlanjana omncinci lowo uyakuba nguMtshakazi Wakhe.

111 Qwalasela apha kwakhona ngoku, indlela lamabandla agqibelele ngayo ukufuzisela, okanye ezi Edeni.

112 UThixo, ngayo iMbewu yeLizwi Lakhe! Kwaye kukho kuphela into enye enokuvuselela iLizwi, kwaye leyo nguMoya, kuba UnguMniki-Bomi eLizwini. Kwaye xa uBomi

obuseLizwini buhlangana noBomi boMoya, Buvelisa nantoni iMBewu eyiyo.

<sup>113</sup> Ngoku qwalasela okwenzekileyo. Emyezweni we-Edeni yayiluqoqosho lukaThixo lobumsulwa, kwaye elo yayilelinye la—lamaxesha. Ixesha lokuqala lalimsulwa, abantu babengazi sono. Babengazinto malunga nesono. Bobabini u-Adam no-Eva babeze, kodwa babefihliwe ebuzeni babo, ngesigqubuthelo somoya phezu kobuso babo. Zange bazi ukuba babeze, konke konke, ngokuba babefihliwe. Kuba, isigqubuthelo sikaThixo ezingqondweni zabo, babengazi okulungileyo nokungalunganga kwakuyintoni. Kwaye bobabini bemile beze, ibonisa ukuba ulwazi lwalungekezi kubo, yabona, ukuba babeze. Isibini sasize kwaye singayazi lonto.

<sup>114</sup> Ngoku ukuba ningatyhila, ukuba niyanqwenela ukuyenza, okanye niyibhale phantsi, kwiSityhilelelo, isahluko sesi-3. UMoya oyiNgcwele uqikelela esi sigaba sokugqibela, ukuya kwiSigaba seBandla laseLawodike lobuPentekoste kwimihla yokugqibela, Wathi, “Wena uze, kwaye uyimfama, kwaye ungakwazi oko.”

<sup>115</sup> Nantsiya iMBewu kaThixo, phantsi kobumsulwa, ingazi konke konke ukuba babeze, phantsi kwesigqubuthelo sikaMoya oyiNgcwele, ibagquma ukubasusa esonweni.

<sup>116</sup> Kwaye ngoku kwibandla lesigaba sokuqibela, siyafumanisa apha ukuba baze kwakhona, kwaye bengayazi lonto. Kodwa ayisosigqubuthelo sikaMoya oyiNgcwele. Sisigqubuthelo athe uSathana wasinyebelezisela ku Eva emva phaya, isigqubuthelo senkanuko, isigqubuthelo senkanuko. Banyhukunyhuku kakhulu de bangazi ukuba baze, abafazi bethu esistratweni, benxibe ezimfutshane, impahla zesincwaso.

<sup>117</sup> Umntu othile undithumele isiqwentshana sephapha ngenye imini, sale lokhwe intsha abazakuyinxiba, ndiyacinga, i-iintshi ezilishumi elinesine ukusuka amahlezeni, okanye into ethile. Kwaye ndiyamangala ukuba ingaba abethu—ukuba ingaba abethu abafazi bayaqonda ukuba okuya sisigqubuthelo senkanuko?

<sup>118</sup> Ngoku ni—niyakuthi, “Ndingakubonisa, phambi koThixo, ukuba ndimsulwa kulo naluphi ukrexezo endodeni yam, okanye ndi—ndi . . . konke oku.”

<sup>119</sup> Kodwa nakubeni kunjalo, eMgwebeni, uyakubizwa “umkrexezikazi.” IBhayibhile itshilo njalo. Wathi uYesu, “Nabani othi ajonge umfazi amkhanuke, selekrexezile kunye naye entliziyweni yakhe.”

<sup>120</sup> “Imfama, uze, kwaye akukwazi oko!” Hayi aba belusizi abafazi phandle phaya; akukho nto endibachase ngayo. Kokwa kungcola! Kwaye inkqubo yebandla ikhangeleka isilela ukubuqonda okanye ukuma ngokuchasene nabo; bayeke banqothule iinwele zabo, baziqabe ubuso, nezimfutshane kunye

nezinto, phantsi kwegama lobuKristu. Enjani ukubambi into eyiyo! Yabona, baze kwakhona, kwi-Edeni kaSathana, kwaye bengayazi lonto. Abayazi.

<sup>121</sup> Ndiyakholwa ndibonile, mhlawumbi, ndijonge ukunqumleza apha, iqula lokuqubha, aba bafazi phandle phaya ngoku. Ukuba laa mfazi angaqonda nje kuphela ukuba oko akwenzayo, kodwa akazi. Uze. Umzimba wakhe undilisekile. Uhluba iimpahla awathi uThixo wamnxibisa zona, ngofele, ngenxa yesi sizukulwana. Uqhubekela eyinqunqa. Uze, phantsi kwegama le “mpucuko, imfundo ephakamileyo, impucuko engcono, imimiselo ephakamileyo.” Mandiqinisekiseke ukuba oku kuyazika. Yeyikamtyholi yonke, kwaye iyakutshatyalaliswa eKuzeni kweNkosi uYesu. Iyakutshatyalaliswa, lonke isuntswana layo. Akusayi kusasabakho nenye into eseleyo.

<sup>122</sup> Kwaye, owu, sihlobo, ukunqumleza isizwe, njengoko niphulaphule kum apha ePhoenix, cingani ngezo zinto! Nilapha nichaphazeleka kuzo. Ngoku, wathi uYesu, “Bayakukhohlisa naBanyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.”

<sup>123</sup> Umoya wokuqala yayi... isigqubuthelo sokuqala yayisisigqubuthelo esingwele, uMoya oyiNgcwele, kwaye wayengafanele ajonge ngaphandle kokuYa. Kodwa xa-xa uSathana waqalisa ukuthetha naye malunga nolwazi, kwafanela nje athathe oluncinci ukrwaqulo lwehlabathi.

<sup>124</sup> Kwaye yilonto nkqo leyo intombi yakhe, ibandla, liyenzileyo. Kufanele ubone, kufanele unxibe njengendumasi ethile yomboniso-bhanyabhanya, okanye abafana kufanele benze nje ngo Elvis Presley okanye—okanye uPat Boone, okanye—okanye abanye babo bantu, phantsi kwegama lenkolo.

<sup>125</sup> UPat Boone uyiChurch of Christ. U-Elvis Presley ngumPentekoste. Ezimbini ezinobudemoni izimilo ezithe zalahlela ihlabathi kowona mbi umbhodamo kunoJudas Skariyoti wenzayo ekungcatsheni uYesu Kristu. Abayazi lonto. Wona amakhwenkwe awayazi lonto. Akukho nto ndinayo ngokuchasene nalo—nalo makhwenkwe, amadoda, ngumoya oyikhuthazayo yona.

<sup>126</sup> Qabelela nje kweliya cala kanye kancinci, yeka ola khula lunabayo lube nokuncinci nje ukubhijela ikhasi lwalambona, kube kanye, qaphela okwenzakayo; umbona umkile. Owu, ehe, igqibile iwufumene. Kwaye yindlela eyakuyenza. Iyakuyenza lonke ixesha. U-Eva kwafuneka athathe nje ukrwaqulo lube lunye ehlabathini.

<sup>127</sup> Kwaye manditsho into ethile kuwe, mzalwana nodade. KuYohane Wokuqala, isahluko sesi-2 nomqolo we-15, singa Yifunda ukuba niyanqwenela, iBhayibhile ithi:

...*Ukuba siyalithanda ihlabathi*, okanye izinto zehlabathi, kungokuba *uthando lukaThixo* alukho kwa ukubakho *kuthi*.

<sup>128</sup> Ngoku, igama phaya asingo *mhlaba*; ligama lesiGrike, *ngukosmos*, othetha “inkqubo yehlabathi.” Ukuba sithanda iifashoni zomhlaba, ihlabathi, ukuba sithanda indlela yanamhlanje, ukuba sicinga “eli lixesha elimangalisayo, owu, sinazo zonke ezi zinto,” ukuba nicinga oko, kungokuba ukucinga kwenu akulunganga. Kugqwethiwe ngumtyholi. “Kuba ukuba nithanda inkqubo yehlabathi, nezinto zelihlabathi lakalokunje, kungokuba uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuni.” Khumbula oko. Owu Thixo! Jonga oko sijonge kona!

<sup>129</sup> Apha ndifuna ukuma nje umzuzu ndize ndinixelele ibali elincinci. Ndive umfundisi wasemkhosini kwiMfazwe Yokuqala Yehlabathi. Babegibisele. . .

<sup>130</sup> NjengoSathana ekuqalekeni, xa esiza emyezweni we Edeni. Wayengenakho ukomba ezo Mbewu. Wayengenakuzitshabalalisa. Kodwa wazitshiza ngetyhefu, kwaye yayikhubaza iMbewu, zange ivelisa ngokohlobo lwayo olulungileyo. Yakhubaza iMbewu yemvelo.

<sup>131</sup> Kwaye kuko konke okuzizo ezinkqubo zenkolo. Zisengoonyana neentombi zikaThixo, kodwa zikhubazekile. Bayaya ecaweni, befuna ukwenza kakuhle. Unongendi zange angenele ubunongendi ukuze abe ngumfazi ongalunganga. Umlungiseleli zange aye esikolweni nje ukuba abe yi—yi—yindoda engalunganga. Akuzange ujoyine icawa, uxhawule izandla, ubeke igama lakho encwadini, okanye nantoni oyenzayo ebandleni lakho, ukuze ube ngumntu ombi. Uyayenza lonto ukuze ube ngumntu olungileyo. Kodwa yinkohliso, yinkubazeko eyenzayo lonto. USathana uyitshizile. Yabona? UThixo zange abe nambutho. Akukho nto injalo naphina efumanekayo eMazwini kaThixo.

<sup>132</sup> UThixo ngumbutho wethu, sibuthelwe kuYe, uMzimba, kuThixo, eZulwini. Injalo lonto. Amagama ethu aseNcwadini yoBomi yeMvana. Qwalasela.

<sup>133</sup> Kodwa, yabona, ndiyazi inzima kakhulu, kodwa ndi—ndifuna nina ninyamezele ithutyana ukuba ninganakho. Kwixesha lemfazwe yehlabathi. . .Ndixoleleni ngokuphuma emxholweni wam.

<sup>134</sup> Kodwa ukwenza eli nkqaku, bendi—bendifuna ukuninika uhlahlutylo lwam loko uSathana wakwenzayo e-Edeni: watshiza embi kakhulu ityhefu. Ningathanda ukuyazi yayiyintoni awayitshizayo? Ndinganixelelela. Ndinendlela yayo, amagama amabini: ukungakholwa, ntoleyo ichaseneyo elukholweni, watshiza ukungakholwa, intandabuzo. Yaza inzululwazi yazalisa indawo yayo. Apho isikhewu sikhona, oko kwaya kwiMbewu, uSathana wazalisa isikhewu ngolwazi nenzululwazi nempucuko, kwaye yakhubaza konke, indalo yonke kaThixo.

<sup>135</sup> Ndiyazi nicinga ndinisa kwisebe, kodwa ndikwisebe kunye nani. Kwaye sonke silapha ukuzama ukufumanisa oko sinakho

ukukwenza. Asizitsho ezo zinto ukuze sahluke. Kufanele sinyaniseke.

<sup>136</sup> Thina, ngamnye, sihlela ekupheleni kwendlela, apho siyakunika ingxelo ngegama ngalinye. Kanye ngoku, siyayazi ukuba amazwi ethu...Xa sizalwa, ukulila kwethu kokuqala okuncinci konke kuya eteyiphini. Kuyakudlalwa kwakhona kwiMini yoMgwebo. Kwankqu neempahla ozinxibayo ziyakuboniswa ebusweni bakho, kwiMini yoMgwebo. Kwa nkqu nenzululwazi ikufumanisile oko, ngomabonwakude. Yabona, umabonwakude akawakhi umfanekiso, uyawuhambisa ngejelo nje kuphela. Ibala leempahla, lonke ixesha ushukuma, yonke ingcinga engqondweni yakho, ngokuqinisekileyo igcinwe kushicilelo lukaThixo. Kwaye lanto inkulu iyakubekwa kanye phambi kwakho, zonke ngazinye zezo lokhwe zingcolileyo uthe wazinxiba; lonke ixesha usiya kumchebi nwele, ucheba eza nwele athe uThixo wakunika. Iyakuba njalo. Uyakuphendula ngazo. Akunakwenza ntshukumo phaya, kwa nkqu nje neengcinga zentliziyo yakho ngelixesha uyenzayo, ziyakudlalwa kanye phambi kwakho. Uzakusinda njani? "Siyakusinda njani ukuba asilukhathalele olo lukhulu usindiso?" Yabona? Asizakusinda. Yonke intshukumo, neengcinga zentliziyo, zishicilelwe komnye ummango, nkqu nebala leempahla zakho ozinxibayo. Umabonwakude, umabonwakude webala uyangqinisisa oko, uyayitsala uyibonise, yabona, kwaye oko nje kummango omnye ukusuka kwemithathu esiphila kuyo. Yabona?

<sup>137</sup> Ngoku indlela ityhefu ethe yabetha ibandla, yabetha ihlabathi! Ityhefu kaSathana phezu kweembewu, yenze imingxunya kuyo yayibangela ukuba ikhubazeke. Ngaphezulu nangaphezulu, ungena nzulu ezintliziyweni zamabandla, nakwiintliziyo zabantu nayo yonke into, inzululwazi, inzululwazi. Ide ibe yindawo apho uhlanga loluntu, ngokuxutyaniiswa...Ndiyakholwa yonke imbewu kufanele ivelise ngokohlobo lwayo. Kwaye uhlanga loluntu, nezityalo, nako konke kuxutyiwe, kusizise kwindawo; ekutyeni ukutya kwethu okusuka emhlabeni, ntoleyo, imizimba yethu, yenziwe umxube, ibeke ingqondo yethu yonke...Ngoku, ukuba imizimba yethu iyawa, ukusuka kumashumi amabini ukuya kumashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala, ngenxa yokonakala kweeseli, ngenxa yokuxutywa kokutya, ingaba iiseli zethu zengqondo azonakali? Ingaba ayizoseli, kananjalo? Yilonto uRicky ebaleka ukudlula esitratweni apha, kunye ngemoto yakhe ebalekayo; ngelixa uRicketta, oo-Elvitta, kunye nabanye babo, njengoko besingabiza amagama, phandle apha besisiqingatha ubuze phambi kwabantu, bemkelwe ziingqondo, kungasekho kuqiqu kwantlonipheko okanye ukuziphatha.

<sup>138</sup> Kwibali lam elincinci. Lo mfundisi wasemkhosini wathi wayesezantsi esibhedlela, kwaye wathi amakhwenkwe amaninzi

ayebele ententeni, abanye . . . Wayesandula kubuya ngaphandle. Uthi waya ngaphandle phaya, kwaye omnye umphathi wamxelela, wathi, “Mfundisi, sifuna ukukhwela siphume, siye kujonga emadlelweni phandle phaya.” Babegalele lemostade negesi yeklorin, njengoko babesenza ngaloo mihla.

<sup>139</sup> Kwaye wathi, “Ndiphumele phaya, Mzalwana Branham,” wathi, “kwakungekho xolo emthini, kwakungekho siqu sangca. Kwakungentsasa yePasika.” Wathi, “Kwakukho ezityobokileyo ezindala inqwelo zokulwa ezantsi phaya, umphathi kwakufanele athabathe ushicilelo lwazo, aze abone ukuba kwakukho nantoni enokwenziwa ngazo, kufutshana nelikhulu ihlathi i-Argonne Forest.” Wathi, “Xa ndandimi phaya buqu,” wathi, “Ndajonga phezulu, ndathi, ‘Owu Thixo, lena yindlela ekuza kuyo konke.’” Injalo lonto, kuyeza konke. Lalitshile lonke, kungekho bomi konke konke, ingca itshile; umthi, ngezaa gesi, imithi ibulewe, yonke into ibulewe, ijijiwe, ijinga, apho iimbumbulu nezinto ziyidlakazileyo.

<sup>140</sup> Ukuba lowo asingomfanekiso wehlabathi namhlanje, apho uSathana atshiza ukungakholwa kwakhe, ukuxubanisa kwakhe, inzululwazi yakhe, ulwazi lwakhe! Into ekwakuyiyo ekuqalekeni, xa uThixo wabeka u-Adam no-Eva emyezweni, laa paradisi intle ingena kufa, ingena kugula, ingena sizi, kwaye yonke into igqibelele ikucwangco, jonga oko iDDT kaSathana ekwenzeleyo! Ngumbhodamo. Akukho nto iseleyo kulo.

<sup>141</sup> Wathi, “Ndaqalisa ukulila. Ndabuyela emva, ndabanomtsalane elityeni.” Wathi, “Ndaya ngaphaya ndaza ndajonga elityeni, ndalityhalela ngaphaya. Ezantsi ngaphantsi kwelitye yayiyintyatyambo encinci emhlophe ikhula, ukuphela kwento ephilayo eyayishiyekile, ngokuba yayigushiwe lilitye.”

<sup>142</sup> Thixo, Litye lam, sigushe namhlanje, Owu Thixo, xa ezi tyhefu zibhabhela ndaweni yonke egameni lenzululwazi nemfundo. Sigushe. Ndigcine kude kube yila mini, Owu Thixo, ngumthandazo wam. [Umntu othile eqongeni uthi, “Ungakhe ubeke sithintelo saxesha, Mzalwana uBranham.”—Mhl.] Ngoku ndiyathemba ukuba thina, ngamnye, siphantsi kwela Litye, uKristu.

<sup>143</sup> Bendisandula kushumayela ngenye imini, abaninzi benu bayivile. Bendisihla ngamatyholo, ndizingela, kwaye ndatsalekela ekujikeni. Ndaza ndajonga, kwaye nako kulele iqokombe lomdiza elingenanto okanye ipakethi, okanye intoni eniyibiza yona. Kwaye yinkampani, andiziva ndifanele ukulibiza igama layo, kodwa inkampani yecuba babanayo, babenentetho emfutshane, “Intluzo yendoda ecingayo, inkcasa yendoda etshayayo.”

<sup>144</sup> Ndaqalisa ukuhamba ndisehla ka—kancinci umganyana ematyholweni, yaza into ethile yanditsala umdla, “Buyela emva uye kwelaqokobhe lomdiza.”

145 Ndacinga, “Bawo waseZulwini, ndiyehlela ezantsi apha ukuya kulaa mthi apho abo nomatse bathethwa nguWe babakhona, ngenye intsasa. Kutheni Undibizela emva?”

146 Kwaye Into ethile yathi, “Inentshumayelo ezayo ngeCawa. Umxholo wakho ubhalwe kulo.”

Ndacinga, “Kwiqokobhe lomdiza?” Ndabuyela emva.

147 Ndaza ndaqalisa ukucinga, “Intluzo yendoda ecingayo,” enjani inkohliso leyo! Ukuba indoda yayiyindoda ecingayo, ibingayi kutshaya konke konke. Kodwa, niyabona, abantu baginya okuya.

148 Ndiyakholwa kwakuyiminyaka emibini eyagqithayo, xa ndandikwenye yeenkcoko, ndenyuka ndaya kumboniso weemveliso wehlabathi xa wawuse West Coast. Kwaye babenomfanekiso kaYul Brynner kunye nabaninzi babo khona khona phaya. Kwaye iinzululwazi, ezininzi zazo, babekwiholo elinye, malunga nengozi yokutshaya. Indlela abawutsala ngayo laa msi ukuwugqithisa kwibhastile, kwaye bathatha umcinga wendlebe baza basusa isixhaxha phaya basibeka kumqolo wempuku, bayifaka kwikheji, kwiintsuku ezisixhenxe yayigwele kakhulu ngumhlaza ingakwazi nkqu nokuhamba. Yabona? Wathi. . . Wutsala uwudlulise emanzini.

Wathi, “Intluzo!”

149 Wathi, “Intluzo? Akukho nto injalo.” Wathi, “Aku. . .” Ngoku, le na yinzululwazi ngokwayo. Bathi, “Akunakuba nomsi ngaphandle ufumane intshongo. Intshongo yenza umsi.”

150 Kwaye kuphela kwento eyiyo, liqhinga, lokuthengisa eyongezelelekileyo imidiza. Xa okuya, ukuba ndi. . . Andinathemba lokuba nicinga ukuba ndingohlambela inkolo okanye umbaxi. Laa mtyholi endodeni, eyenza itshaye, ukuzibulala. Xa i—ifuna isixhaxha somdiza omnye, oyakonelisa ukunqanqatheka kwayo, ngoku inkampani iyeza kunye neliqhinga layo lenkohliso, ize ithi, “Intluzo yendoda ecingayo.” Kuyakufuneka itshaye emine okanye emihlanu imidiza, ukwenza engako intshongo kuwe (ukuyanelisa) njengoko wenzile ngomnye. AmaMelika ethengisela ukufa abazalwana noodade babo! Andiyifumani.

151 Kodwa nakubeni kunjalo phaya, ndacinga, “Kukho iNtluzo yendoda ecingayo injalo lonto.”

152 Ngoku ukuba indoda ibitshaya, khumbulani, ivelisa inkcasa yendoda etshayayo. Ngoku, ukuba akunakubanayo i. . . zalisekisa ukunqanqathekela ukutshaya ude ufumane ukutshaya phaya kwaye ufumane. . . uvelise inkcasa. Ke utshaya imidiza emine, okanye emihlanu, uze uhlawule ngaphezulu ngayo kunokuba ubuyakwenza ukuba utshaye omnye oqhelekileyo umdiza. Yabona, liqhinga, iqhinga lokuthengisa; liqhatha abantu, amaMelika. Xa ndicinga ngeValley Forge,



uGeorge Washington; ngesibini sesithathu samajoni akhe, kungekho zihlangu kwiinyawo zawo, kulaa mini ibandayo, ukusenzela uqoqosho esilulo! Kuze emva koko amaMelika athengisele umMelika, umntakwabo nodadewabo, ukufa, phantsi kobuxoki beqhinga, ukwenzela ingeniso engcolileyo, ingcambu yako konke ukungcola. Inkanuko yemali, uthando. Into yonke iye empambanweni, ekungazini ukuba lento yonke iyakutshabalala! Kodwa ukuba akufumani msi, akunakuba nankcasa.

<sup>153</sup> Ngoko ndacinga, “Kukho iNtluzo yendoda ecingayo.” INtluzo yendoda ecingayo! Ndaza ndathabatha umxholo wam kwi “INtluzo yendoda ecingayo ivelisa inkcasa yendoda engcwele.”

<sup>154</sup> Ke ndacinga ukuba amahlelo ethu enze okuninzi okufana nokuya, angenisa abantu aza ababiza amaKristu oko nje nangayiphi indlela. Kutheni? Bafumana ngaphezulu kumahlelo abo okanye imibutho. Sifumana ngaphezulu khona phaya ngokuba sibavumela bangene phantsi *koku*, *okuya*, kunye *nokunye*, nayo nantoni. “Oko akwenzi nawuphi umahluko, nje oko babeka amagama abo encwadini baze bathi bangamaKristu. Yilonto kuphela. Owu, ‘ngokholo usindisiwe.’ Kufuneka ukholwe.” Umtyholi wenza into ekwanye. Ehe.

<sup>155</sup> Kufanele uzalwe ngokutsha, kwaye oko kuza ngeNtluzo kaThixo! Ngoku kukho iNtluzo yendoda ecingayo. Ndiyibambile Yona esandleni sam. Ayisayi kuvelisa inkcasa yobuhlelo, kodwa ngokuqinisekileyo Iyakwanelisa inkcasa yendoda engcwele, niyazi.

<sup>156</sup> Angathini umfazi onqothule iinwele ukuza adlule kuleNtluzo? Angathini umfazi onxiba ezimfutshane ukuza adlule kuYo, okanye izileksi, ngelixa iBhayibhile ithe, “Kulisikizi kuThixo, ukuba umfazi anxibe impahla eyenzelwe indoda”? Kwaye ingathini indoda ecinga nayiphi into ngayo, inokuphuma apha ize inxibe njengomfazi, iyeke iinwele zayo zikhule njegezomfazi, zihle ngamehlo ayo, nezihlwitha, kwaye iziphothe *ngolwa* hlobo? Inxiba impahla zangaphantsi zomfazi wayo. Yena umfazi unxiba ezendoda zangaphandle. Intluzo yendoda ecingayo? Indoda ecingayo ayisayi kuyenza lanto, okanye umfazi ocingayo akayisayi kuyenza. ILizwi likaThixo alisokuze liyivumela igqithe.

<sup>157</sup> Akukho nanye into enokugqitha elaa Lizwi. Lowo nguMoya oyiNgcwele, kwaye Uzisa iLizwi ngaphakathi kuwe, kwaye Uvelisa inkcasa yendoda engcwele.

<sup>158</sup> Khangela namhlanje, uRicketta esitratweni, othandekayo, esihle isiqu athe uThixo wamnika sona, kwaye uSathana esisebenzisa. Kwaye uyakunxiba ngokungahloniphekanga kakhulu, engazi ukuba kwiveki ukusukela namhlanje angabe ebola engcwabeni.

<sup>159</sup> Ukuhla ngestrato apha kungekudala. Nandishumayela enkomfeni kwi Assemblies of God ngaphaya eWest Coast, kumhlangano ngaphandle kwiSouthwestern Bible School. Inenekazi elincinci lihamba lisihla ngendlela, encinci...ezo zincinci iimpahla lizinxibile, iibhikini, nantoni eniyibiza ngayo, kwaye imiqukumbelo ijinga, kunye nomnqwazi we cowboy namaquze. Ndandinyuka ngendlela. Ndacinga, “Usizi lomfo omncinci, umntwana womama notata othile, wabekwa apha ukuba abe yintombi kaThixo, kwaye uye waba ngumgibe wesibambisi sikamtyholi.” Ndacinga, “Ndiyakholwa ndiyakujika nje ndibuyele emva, ndize ndimxelele laa mntwana.” Wayekhangeleka malunga nobudala bukaSarah wam phaya, ishumi elinesixhenxe iminyaka, ishumi elinesithandathu iminyaka ubudala, okanye into ethile. Ndacinga, “Hayi, kungcono ndingayenzi. Ndiyakunyukela nje apha endleleni ndize ndimthandazele. Ukuba umntu othile undibone ndisima ndithetha naye, kungcono ndingayenzi lonto.”

<sup>160</sup> Ngoku, kwaye phulaphulani, bonyana bakaThixo, nifika kulaa ndawo inye, aba Jezebhele bale mini baza kudlalela kuni, kodwa indoda ecingayo iyakucinga kuqala. Angaba mhle kakhulu, ingaba “Ndingenza impumelelo ngaye,” kodwa iyakuhlalulisa umphefumlo wakho, kwedini; abanye benu mantombazana, kwabaRicky! INtluzo yendoda ecingayo ivelisa inkcasa yendoda engewele.

<sup>161</sup> Nina madoda atshatileyo, xa nibona bona abafazi esitratweni ngolwa hlobo, nina bonyana bakaThixo, aniqondi okwenzekayo ekuqalekeni? Xa inzululwazi yabenza abafazi babahle kakhulu kwihlabathi eliphambi konogumbe, bade oonyana bakaThixo bazithathela iintombi zabantu (hayi iintombi zikaThixo), kwaye uThixo zange akulibale oko. Batshabalalisa yonke into; inzululwazi, ubuhle. Yayiqhele ukuba...Uyaqwalasela ubuhle babafazi bukhula kule mihla yokugqibela, luphawu lwesiphelo; uThixo uyiqondakalalisile. Ke, sebenzisa iNtluzo yendoda ecingayo, uyakuba nenkcaso yendoda engewele. Iyakukudla ikhaya lakho. Iyakukudla isikhundla sakho. Iyakukudla yonke into onayo; ngaphandleni koko, umphefumlo wakho! Iyakuqhekeza ikhaya lakho. Ingaba nenye indoda ikhulisa abantwana bakho, okanye omnye umfazi ekhulisa abantwana bakho.

<sup>162</sup> Thabatha iNtluzo yendoda ecingayo, iyakuvelisa inkcasa yomfazi ongewele. Xa uqalisa ukuya kwindawo yokucheba, okanye into engenye, kwaye bayakuxelela, “Uzakuba nentloko ebuhlungu, uyazi.” Thabatha iNtluzo yomfazi ocingayo, oko iBhayibhile ikutshiloyo, yabona, ngoko suka kuyo. Yabona? Sukuyenza.

<sup>163</sup> Ndingumzalwana wenu, kwaye ndiyanihanda. Akukho nto ndichasene ngayo nani. UThixo uyayazi. Kwaye oko koko okundenza nditsho ezi zinto, kungenxa yo—yothando

lukaThixo ngani. Ukuba indoda iyakuphumela phaya kwaye abayi kukuxelela, umalusi wakho akuyeke uhlale kwaye wenze ngolwa hlobo, akakuthandi. Akanakho ukukuthanda. Bendingasayi kufuna olwa hlobo lothando ngabafazi. Ndifuna ukuba nenkcasa engcwele ukwenzela udade wam. Ndifuna yena ngenene abe ngudade wethu. Hayi umntu othile unokuthi, umntu othile athethe malunga naye ekubeni mhle kakhulu kunye nendlela ayiyo, kunye nabokumkanikazi besondo, “Uya kowam. . .” Huh-uh. Hayi. Ndifuna yena abe linenekazi!

<sup>164</sup> Owu Nkosi, ndigcine phantsi kweLitye. Ewe. KumaEfese 5:26, ekuphela kwayo enye indlela onokufika ngayo kwela Litye, oko yi, “Ukuhlanjwa ngamanzi okwahlukanisa ngeLizwi.” Injalo lonto.

<sup>165</sup> Ngoku, sukuvumela lo mtyholi akutshize ngemfundo yakhe. Hayi, hayi. Iyakubulala impembelelo yakho. Sukuvumela umtyholi athathe lonto, “Kuhle, ndingowebandla athe umama wabe lelalo, athe utata wam, umakhulu wam.” Sukuvumela umtyholi akutshize ngokuya. IBhayibhile sele itshilo, kwiZigaba Zamabandla Asixhenxe, nezinto phaya, yonke imkile iye kwimbewu! Injalo lonto. Into yonke yonakele. Into yonke sisilonda esibolileyo. Sukumvumela akutshize, athi, “Kuhle, zizimilo eziphakamileyo. Sifunde kakhulu kunokuba sasiqhele ukuba kuko kwimihla yakudala.” Sukuvumela umtyholi abeke okuya ngaphaya kuwe. Ndikubonisile inkqubo yakhe yonke yempucuko, imfundo nenzululwazi. Uyifake kanye ebandleni, kwaye sukumamela kokuya. Gcina intloko yakho ngaphandle kwabo abadala abangcolileyo omabonwakude nezinto!

<sup>166</sup> Kwaye umxholo wethu uthi, “Sanukumilisa, kodwa yibani kumila kumbi.” Hayi ukungena uze uthi, “Ndizalisekisiwe, ngeCawa.” Hayi. Ngena uze wenziwe kumila kumbi kanye ngoku, wenziwe kumila kumbi ukusuka koko ukuko, ukuya koko uThixo afuna ube kuko.

<sup>167</sup> Ngoku, kuxhomekeke kuhlobo lwembewu ekuwe. Ukuba ekangqondongqondo, imbewu efundisiweyo ibibekwe kuwe, kukho into enye kuphela enokuyenza, ukukhubaza, yilonto yonke, ukusa kunyana okanye intombi kaThixo. Kuphela kwento enokuyenza. Abantu namhlanje, njengoko ndijonga, benza ngathi abakholwa kwa ukukholwa ukuba ukhona uThixo.

<sup>168</sup> Ndixoleleni ngokukuvakalisa. Ukuba imvakalelo zakhe nabani ziviswa kabuhlungu ngoku, andibhekiselelanga kuko. KwiCawa ezimbalwa ezigqithileyo ndandimenyiwe, yintombi yam, ukuba ndiye kumabonwakude ukuze ndibukele umculo wezenkolo. Ungentsasa yeCawa. Ndandifuna ukuva u-Oral Roberts kwinkqubo yakhe, ndabaxelela ukuba bandazise. Yathi, “Yiva oku, eli liculo elimnandi.” Unyana wam emile phaya, wandixelela malunga nalo, naye. Ndaza ndasivula esa sixhobo. . .

169 Siqesha kumfazi onomabonwakude endlwini yakhe. Andizange ndifune ukuba nayo endlwini yam. Hayi, mhlekazi. Andiyifuni lanto endlwini yam. Ndiyakuyiqhushumbisa ngompu wam. Andifuni nto yakwenza nala nto ingumtyholi. Hayi, mhlekazi! Kodwa thatha i . . .

170 Mandikuxelele malunga nani ma-Arizona apha. Niyalubona ola hlalutygo ngenye imini, lwezikolo, anilubonanga? Amashumi asibhozo eepesenti abantwana kwizikolo zase-Arizona ahlutshwa kukungasebenzi kakuhle kwengqondo, amashumi amathandathu anesixhenxe eepesenti abo yayingenxa yokujonga umabonwakude. Kanjani ngokuya?

171 Kungcono usebenzise umpu wakho! Yabona? Ngoku, sukuvumela umtyholi akutshize ngokuya. Hayi, mhlekazi. Ngoku bantu, njengoko nditshilo, abantu benza ngathi akudingeki baye eMgwebeni.

172 La makhwenkwe namantombi, babenosapho lamaNdiya, kunye nento yonke eninzi. Ndinga umfo obizwa Mnu. Pool yintloko yawo. Kwaye ukuba ndakhe ndabona intlekiso yalemihla yamaculo, yayiyindlela abawaphatha ngawo; ingquba looRicky bemile phaya, beshukumisa izandla zabo ukunyuka nokuhla.

173 Ngokuqinisekileyo ndiyamcoma lamfana apha ngale ntsasa, oculileyo, okhangeleka ndilisekileyo, njenge ndoda yenene. Ndi-ndiyakuthanda okuya. Xa nina-nina bosomashishini ngamanye amaxesha apha nibe nengquba laba Ricky abeme apha, baze batswine bakhwaze, baze baqhubekeke, bangaphefumli de babeluhlaza ebusweni; kwaye oko asikokucula, nje kukwenza eninzi ingxolo yobunzululwazi. *Ukucula* lu “ncuthu olusuka entliziyweni.”

174 Kwaye ndaza ndandacinga, “Olunjani usizi! Elinjani ihlazo ukuba lilo! Ke njalo phantsi kwegama lenkolo, benza ngathi akukho Thixo!” Othile wathi, ngenye imini, kwinkwenkwe ehamba nentombi yam. Inkwenkwe engumKristu yathi, yenza uphawulo oluhlakaniphileyo malunga no Adam no Eva, yathi, “U-Eva behamba emyezweni. Yathi, ‘Bantwana, niyabona laa mthi phaya?’ Yathi, ‘Kulapho unyoko wasibangela siphume endlwini nasekhaya.’” Ungafane ucinge, kufanele abe ngumKristu wenene, onokuthabatha isithembiso neLizwi likaThixo aze alilahlele ehokweni yehagu! Benza ngathi akudingeki baye eMgwebeni. Kodwa uThixo uyakuzisa yonke imfihlo eMgwebeni. Benza ngathi akukho Thixo.

175 Andifuni kubabiza iziyatha, ngokuba iBhayibhile ithe . . . isiyatha, akulunganga. UYesu wathi akulunganga. “Ungabizi mntu isiyatha.” Kodwa kwiiNdumiso 14:1, “Isiyatha sithi entliziyweni yaso, ‘Akukho Thixo.’” Yabona? Bona, bona abazo . . . Andifuni kubabiza iziyatha, kodwa benza ngokungathi zizo. Benza njengaso.

176 Ke, niyabona apho sikhoyo namhlanje, ngokungathi, “Akukho Thixo.” “Ndingowebandla!” Kwaye bonke, into yonke, iBhayibhile, yintlekisa enkulu. “Ibandla lethu liyazi apho liya khona!” Ehe... [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]... kanye nkqo ukuya esihogweni, ngokuqinisekileyo. Kanye endleleni yabo, kanye ukuhla nenzululwazi nemfundo, izikolo zemfundo ngezenkolo kunye nezinto, nje zibaphephezelisa ukuhla nkqo ngendlela. UMoya oyiNgcwele akanathuba lokunika isityhilelo nakwintoni; izikolo zenkolo zigqibile ukuyenza iqanyulwe.

177 UMoya oyiNgcwele kufanele usikhokele; hayi isikolo senkolo, hayi oobhishopu noomongameli, nanjalo njalo. UMoya oyiNgcwele nguMkhokeli wethu.

178 UKayin wayengumntu onjalo. Wayengonenkolo kakhulu ngenene. Ngoku, ukuba inkolo kuko konke okufuneka ubenako, ngoko uThixo wayengalungisanga ngokohlwaya uKayin. Ngokuba, wayengonenkolo, wayengonenkolo kwaye enyanisekileyo njengoko wayenjalo u-Abheli. Ngoku khumbulani, wacinga ngoThixo, wanqula uThixo, wayenebandla, wakha isibingelelo, wenza idini, wathandaza, wanqula, kodwa zange amkeleke. Akukhathaliseki... U-Esawu wayenjalo, naye. Yabona?

179 Inkolo, yabona, leyo ngumsebenzi kaSathana; hayi ukubulala yonke into, kodwa nje ukuyityhefa. Kuko konke. Akazukubulala into yonke. Owu, hayi amakomanisi; hayi, hayi, umchasikristu asibobukomanisi. IBhayibhile itshilo, “Iyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Musani ukuqwalasela umkhusane wentsimbi, kodwa omfusa. Uh-huh.

180 Kodwa, qwalasela, uKayin weza kunqula, kodwa wayenembewu engeyiyo kuye, imbewu yenyoka. Ukufutha kwenyoka kwafuthela phezu kwakhe, ngokuba wayeyimbewu yomfazi. Wayeyazi intando kaThixo egqibeleleyo, kodwa wala ukuyenza. Ubuyazi lonto? USathana uyayazi intando kaThixo, kodwa nje uyala ukuyenza.

181 Qwalasela, wayembonile uThixo engqinela umyalezo ka Abheli. Ngoku ndifuna nina nicinge, sebenzisani iNtluzo yenu yendoda ecingayo okomzuzu. Umyalezo ka Abheli olungileyo, awathi uThixo wawungqinela ukuba yiNyaniso! Ingaba niyazoba ngoku? Uh-huh. Umyalezo ka Abheli wamkelwe, waza uKayin wawubona kwaye wayazi ukuba uThixo uwungqinele laa myalezo ukuba ulungile. Kodwa wayengenakho nje ukuwenza. Impakamo yakhe yamthintela kuwo. Injalo lonto, impakamo yakhe yamthintela ukuba awenze. Wambona uThixo ewungqinela umyalezo.

182 Ke ikhangeleka ingoku, kunzima kakhulu ebantwini ukuzithoba eLizwini likaThixo. Bona, abafuni nje ukuyenza.

Bayazithoba kwimvumo-nkolo yecawa, ngokuqinisekileyo, kodwa hayi eLizwini likaThixo.

<sup>183</sup> Ukuba ufuna ukufumanisa oku, yiya kwi...ndineSibhalo apha, koko ndibhekiselele kuko apha. IGenesis 4:6 kunye no-7, wathi uThixo kuKayin, wathi, “Kutheni ubuso bakho busangene? Kutheni uzele ngumsindo, ujikeleza? Uve nje umyalezo okucaphukisileyo.” Wathi, “Kuhle, kutheni usenza lanto? Kutheni ubuso bakho busangene, ngokuba ndingezanga ecaweni yakho? Ke kutheni uyenzile lanto?”

Ingaba usebenzisa iNtluzo yendoda ecingayo? Yabona?

<sup>184</sup> Okanye, “Kutheni unga...Kutheni ukhangeleka ngolwa hlobo?” Wathi, “Ukuba uyakulungisa, hamba uyokwenza njengomntakwenu esenza phandle phaya, ndiyakukwamkela kwaye ndikusikelele. Ndiyakwenza kuwe into ekwanye.” Kodwa nje wayenganako ukuyenza. Wathi, “Ngoku, ukuba akuyenzi, isono sokungakholwa sibuthumile esangweni.”

<sup>185</sup> Ngoku xa besixelela, “Imihla yemingangaliso yadlula,” bayayibona ingqinelwe yaqinisekiswa ngokugqibeleleyo, niyabona, zonke ezi zinto athe uThixo wazithembisa ukuba Uyakuzenza kwimhla yokugqibela, yeSityihilelo 10 no Malaki 4, zonke ezo zinto zingqinelwe ngokugqibeleleyo, yintoni ingxaki, bazwalana? Yintoni engalunganga, yabona?

<sup>186</sup> Ukuba abayenzi; ukungakholwa, ntoleyo esi sono. Sinye kuphela isono, kuku, ukungakholwa. Injalo lonto. Akohlwaywa ngokuba usela, utshaya, uhlafuna icuba, unxiba ezimfutshane, usenza nantoni oyenzayo. Hayi, oko akukohlwayi. Kungokuba akukholwa. Ukuba uyakholwa, akuyi kukwenza oko. Yabona? Ikhohla alikwenzi oko. Lithatha iNtluzo yendoda ecingayo, yabona, yabona, okanye iNtluzo yomfazi ocingayo, nayiphi enye yazo. Kulungile. Kodwa, niyabona, isono sibuthumile ngaselusangweni.

<sup>187</sup> Ngoku qwalasela kwenza ntoni oko kuKayini, kwaye izakuba yinto ekwanye namhlanje. Yamenza uKayin wemka, engumoni ngokuzithandela. Ngabomi wayengathobeli. Wonke umntu uyakuba yinto ekwanye. Ukungathobeli ngabomi emva kokuba ebone umyalezo ka Abheli ungqinelwe kangako nguThixo, okokuba wawuyinyaniso, waza wala ukuyenza. Wenza into ekwanye ngoko. Emva koko wagqitha umgca wokwahlula.

<sup>188</sup> Kukho umgca onokuwugqitha. Uyayazi lonto, akunjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, balungiseleli, ngokubini apha nangaphandle ku—kumhlaba womxeba apho olu sasazo luza kwisizwe, niyakuqonda oko? Xa ubona ukuba siSibhalo, kwaye akuyi kuyenza, uThixo akasayi kusoloko...Uya... Owu, uyakuqhubeka, usikeleleke. Ke wayenjalo ngamnye womSirayeli, baphila kakuhle entlango, kwaye bakhulisa abantwana, izityalo, basikelelwa, nayo yonke into, kodwa

“ngamnye kubo bohlukaniswe ngoNaphakade kuThixo.” Watsho njalo uYesu. Owu, ewe, uThixo uyakukusikelela okoko, kodwa umkile. Ngokuqinisekileyo. Yilonto iBhayibhile iyitshoyo ngoku, yilonto Wayitshoyo. Qwalasela, ungagqitha umgca wokwahlukanisa. Niyayikholwa lonto? [“Amen.”] UKayin wayenza.

<sup>189</sup> Ma—masityhileni nje ngapha umzuzu, ndinamaHebhere 10:26. Masibone ukuba ndingakufumana okuya kwamsinyane. INcwadi yamaHebhere, isahluko se-10 kunye no... ndiyakholwa, umqolo wama-26. Ndinawo ubhalwe apha. Nje umzuzu, ukuba niyakundinyamezela, kwaye masiYifunde nje umzuzu. Kulungile, silapha.

*Xa sithi sone ngabomi emveni kokuba sa . . .kwamkela ukuyazi inyaniso, akusasele dini ngenxa yesono,*

*Kodwa okuqinisekileyo ukulindela uwoyikekayo umgwebo nomsindo womlilo, oza kudla abo bachasileyo.*

<sup>190</sup> Lowo ngu LITSHO ILIZWI ELINGCWELE LIKATHIXO. Ukuba asikholwa ngabomi emveni kokuba siLibonile kwaye saLiva, emva koko sigqithe umgca. Akusayi kubasabakho kuxolelwa ngayo, ugqithe umgca.

“Owu,” uthi, “UThixo usandisikelela.” Owu, ehe.

<sup>191</sup> Khumbulani uSirayeli, imida. Xa uThixo wabanika isithembiso, ngaphaya kuMhlaba oNgcwele; emhlabeni, wawulungile, webisi nobusi. Kwaye xa uMoses wathumela uKhalebhu noYoshuwa, neentlola, ukuba ziwelele ziwuhlale umhlaba, kwaye bazisa ubungqina obungqinelweyo.

<sup>192</sup> Abalishumi babo bathi, “Asinakunyenza. Asinakho. Jonga ubunzima phaya. Siyakuba ngababaxi. Sinezi zinto zincinci zokulwa. Jonga oko banakho. Thina, asinakunyenza. Asinakho ukunyenza.”

<sup>193</sup> uYoshuwa noKhalebhu bathi, “Singaphezulu kokubanakho ukunyenza! UThixo usenzile isithembiso.”

<sup>194</sup> Kwaye, khumbulani, bajika. Kwakuse Kadesh-bhaneya. Kwaye bajika baza baba ngababhaduli entlango. Kwaye ngamnye kubo wafa, kwaye ulahlekile Naphakade. Watsho uYesu.

<sup>195</sup> Sukugqitha la mgca wokwahlula, yabona. “Xa usazi ukwenza okulungileyo, uze ungakwenzi, kuwe oko sisono.”

<sup>196</sup> USirayeli wenza into ekwanye. Emveni kokuba bebone uMoses engqinelwe, baza bayeka uBhalam abatshize, laa Mbewu inexabiso ingqinelweyo. Malusi, ungakhe (ungaze) utsho into ngokuchasene neli Lizwi. Khangela kuBhalam, wayengumprofeti, kwaye wayeyibonile iMbewu kaThixo ingqinelwe. Kodwa phantsi kwelikhulu ihlelo lakhe awayehlala kulo, uMowabhi walibona ela gquba lababhaduli lisiza

ethafeni, walitshiza, waza wathi, “Kuhle, linda umzuzu. Sonke singamaKristu. Sonke singamakholwa. Kutheni, oobawo bethu nooyihlo banye. Asingobantwana bakaLote? Wayengengomtshana ka Abraham uLote? Asikho banye kusini na? Masitshatane.” Kwaye uSirayeli, nje ngo Eva emyezweni we Edeni, wavumela uSathana amtshize, kananjalo wamtshiza uSirayeli ngomprofeti wobuxoki. Xa, owenene umprofeti wayekunye nabo, ekunye neLizwi elingqinelweyo. Kodwa ngoqulunqo lobukrelekrele bolwazi, wabatshiza. Yicinge. Ngoku, zange yaxolelwa, isono zange sixolelwe.

<sup>197</sup> Iimbewu zaboleda kanye endleleni yomsebenzi, endleleni eya kumhlaba wesithembiso. Ngamnye kubo watshabala waza wabola, kanye nkqo ecaweni, emsebenzini, belandela uThixo. Baze bavumela uSathana atshize okwakutshiza kobukrelekrele phezu kwabo, imfundo, uqulunqo lobukrelekrele, esithi, “Kutheni, sonke siyafana, sonke singabantwana bakaThixo.” Aninjalo! Kodwa wavumela lamfundisi wobuxoki phaya abatshize ngolwaqulunqo lobukrelekrele awayenalo ngaYo.

<sup>198</sup> Kwaye nje ngeBhunga leeCawa lisenza kanye ngoku, yabona, into ekwanye, “Kutheni, siyakumanyanela sonke kumbutho omkhulu.” Inkqubo yonke yenu yombutho yeyomtyholi. Luphawu lwerhamncwa, eBhayibhileni. Ndizakuba nayo incwadi kuyo, kwakamsinyane, iNkosi ithandle.

<sup>199</sup> Qwalasela, kwixesha likaNowa, ekubonakaleni kweLizwi limiliselwa, ukuba lidade. Ngoku mandenze ukuphawula okuncinci apha, iLizwi ekubeni lidityaniswa ukuze limilise ngakumbi emhlabeni ukuya ezibhakabhakeni. Ukubona ukwakhiwa kwento; kodwa ngonqulunqo lwabo lobukrelekrele, bahleka ebusweni bomprofeti, uNowa, xa wayeprofeta ngesiphelo sexesha. Kodwa okwenzekayo . . . Isakhiwo sasenziwe ngeLizwi likaThixo, siqatywa ngaphakathi nangaphandle, ngomthandazo nokholo. Xa iimvula zifika, lonke uqulunqo lobubukrelekrele benkolo bafa baze babola e . . . kanye ezicaweni zabo, kanye phezu komhlaba. Waza umkhombe kaNowa wadada ngaphezu kwako konke. Iimbewu etshizwe ngenzululwazi yaboleda emgwebeni.

<sup>200</sup> Yintoni esizama ukuyenza, kakade, ingaba sizama ukumisa eyethu icawa okanye sizama ukumisa iLizwi likaThixo? Yintoni esizama ukuyenza? Yintoni esisebenza kuyo? Ingaba sizama ukuba abantu babuyele koKu? Ingaba yintoni le lo Eva mkhulu azama ukuyenza apha kwimihla yokugqibela, le cawa u-Eva.

<sup>201</sup> Ndizakufuneka ndiyeke kwangoku, mzalwana, kuba ku—kuba semva kwexesha. [Umzalwana uthi, “Qhubeka!”—Mhl.] Ndinikeni nje malunga neshumi elinesihlanu ngaphezulu lemizuzu, kwaye ndiyakuma kwezam—zam iZibhalo apha. [“Ngokuqinisekileyo, qhubeka.”] Ehe. Kulungile. Ndiyazi. Kuhle, abantu mhlawumbi bafuna ukungena apha bacoce oku.



Kodwa ndikhangeleka nje kunzima kum ukuyeka. [“Qhubeka nje.” “Kuhle, akukho kungxama.”] Ndiyakungxama. Kulungile.

<sup>202</sup> Jongani, enkulu inzululwazi, imfundo, umxube u-Eva ongumxumbe namhlanje, ubizwa ibandla, yintoni azama ukuyenza? Ingaba uzama ukuphakamisa iLizwi likaThixo, aze avumele abantu benze ngendlela abenza ngayo? Abasebenzisi iNtluzo yendoda ecingayo, okanye, iNtluzo kaThixo. Khangela abakuvelisayo. Bayaziphakamisa. Ibadla linjalo, kwimbewu ekhubazekileyo yalo yenkqubo yolwazi, ibangele uhlanga lonke ngenzululwazi lungazinto ngeLizwi likaThixo. Ngoku ndiyakukuchola oko kuphawula, andizukubambelela kuzo ithuba elide ngoku, ukuze ndigqibe. Ukungazi nto ngobunzululwazi! Xa uThixo, kanye apha emhlabeni, esenza izinto ezo Azenzayo, ngeLizwi Lakhe elithenjisiweyo, baze bangalihoyi Lona baze bemke ngokuba ngobunzululwazi abakhathali. Ngobunzululwazi abakhathali!

<sup>203</sup> Bendincuma ngoko kuba uMzalwana uWilliams apha, ubhale ephetshaneni, “Ungahlala kuyo imva kwemini yonke,” into ethile. Kodwa, ndiyakubulela oko, kuhle kakhulu. Yabona?

<sup>204</sup> Kodwa abantu bo—bona ngabomi. Izise i—inkqubo yonke yebandla lehlabathi namhlanje ekoneni kwabomi ngokuchasene noThixo. Kutheni, intlonipho eqhelekileyo iyakukuqondisisa ukuba ilungile. Kulungile. Isigqubuthelo senkanuko simfamekise amehlo ebandla, eLizwini likaThixo, kwaye lizifumana lize kwakhona. Niyazi, uThixo, kwiSityhilelo isi-3, uthe, “Yiza, uthenge intambiso yamehlo kuM, ukuze amehlo akho abe nokuvuleka.” Yabona, intambiso yamehlo liLizwi Lakhe.

<sup>205</sup> Niyazi, bathi, “Kuhle, le ndoda ifunde iminyaka emashumi mane, ukufumana izidanga zayo. Iyi B.L.D., D.D., kunye nako konke oku.”

<sup>206</sup> Niyazi oko uYesu wakutshoyo malunga nokuya? Wathi, “Umntu makazincame.” UPawulos wakwenza.

Uthi, “Okuya akuthethi oko.”

<sup>207</sup> Kulungile, kutheni uPawulos wayilandelela, ngoko? Wathi, “Andizanga kuni ngamazwi alukuhlayo obulumko bomntu, ngokuba niyakwakhela amathemba enu phezu koko. Kodwa ndize kuni emandleni nasekubonakalisweni koMoya oyiNgcwele, ukuze ilizwi lenu libe... ukhoho lwenu libe nokwakhelwa eLizwini likaThixo, hayi ukubonakaliswa kobulumko.”

<sup>208</sup> Kukhangeleka ngathi abantu balahlekelwe zizimilo eziqhelekileyo nondiliseko. Abakho njengoko babeqhele ukubanjalo. Kwakuqhele ukuba, xa umprofeti wathi, “ITSHO INKOSI,” abantu bangangcazele. Ehe, ngokuqinisekileyo babeyenza. Abantu basukuma, kuba babesoyika. Kodwa ngoku balahlekeno nako konke ukoyika Lona. Abamoyiki uThixo.

209 Wathi uSolomon, “U—ukoyika uThixo sisiqalo sobulumko,” nje isiqalo.

210 Kodwa umprofeti angathetha u-ITSHO INKOSI; abantu bathi “ubuvuvu!” Yabona, akukho themba ngabo. Iyi, bathi, “Kutheni, sihlakani phile. Sikrelekrele, akudingeki sithathe olwa hlobo lwento! Siyazi esithetha malunga nako!”

211 Kananjalo iseliqhalo elidala, lokuba, “Iziyatha ziyakuhamba ngesihlangu ezinezikhonkwane, apho iiNgelosi zoyikayo ukunyathela.” Ngokuqinisekileyo.

212 Ngoku, yintoni ukumila kumbi? (Ngokukhawuleza.) Sikufumana njani? Yintoni ekwenzayo ukumila kumbi? UThixo uyakwenza ngoMoya weLizwi Lakhe. Uyamilisa ngakumbi. Utyala iMbewu Yakhe, angalele uMoya Wakhe kuYo, ize Ivelise isivuno. UMoya oyiNgcwele Wakhe umilisa ngakumbi iMbewu Lizwi ekubeni ingqinelwe luhlobo lwayo.

213 Hlobo luni lwembewu oyiyo, oko kubonisa nje yintoni ekuwe. Akunakuyifihla. Nantoni na oyiyo ngaphakathi, iyabonakala ngaphandle. Akunakho nje ukuyigcina. Akunakwenza laa mthi nayiphi into kuphela oku ukuko. Yabona, iya—iyakuba ngala ndlela. UMoya oyiNgcwele umilisa ngakumbi iimbewu ezingaphakathi kuyo. Akukhathaliseki nokuba hlobo luni lwembewu eyiyo, Uyakuyimilisa ngakumbi. Ukuba ingcolile, iyakuvelisa ukungcola. Ukuba ngumhanahanisi, iyakuvelisa umhanahanisi. Ukuba iliLizwi likaThixo loqobo, iyakuvelisa unyana okanye intombi yoqobo kaThixo, ngeNtluzo yendoda ecingayo. Xa iMbewu iphuma, igqitha koKuya, Ivelisa unyana nentombi kaThixo.

214 Ngenye imini xa ihlabathi lilele ebumnyameni bombhodamo, uThixo...Ngoku phulaphulani ngokuzondeleleyo, kuba asizukuthetha...nje ithutyana elidana. Khangela. Ngenye imini xa ihlabathi lalikuzo zonke iintlobo zeenkolo kwakhona, ukuhlamba izandla, iimbiza, ukunxiba izambatho ezahlukeneyo kunye nezankwane, nanjalo njalo, ilele embindini wombhadamo ophelileyo. USirayeli woqobo kaThixo wayegqwetheke kakhulu ukusuka kwimithetho nemimiselo kaThixo, uYesu wathi, “Nina, ngezithethe zenu, nilenza iLizwi likaThixo lingabiyonto ebantwini, ngezithethe zenu.” Kwaye khangela bona ababingeleli abangcwele, bababiza bona; kwaye uYesu wathi, “Nina ningabakayihlo, umtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyayenza.” Yabona, leyo yinto kanye Awayitshoyo.

215 Ngoku xa ihlabathi lalilele kolwahlobo lwengxaki, uMoya kaThixo wafukama kwakhona phezu kweMbewu eyamiselwe ngeza elingaphambili. Waguqula kwaye wamilisa ngakumbi u-Isaya 9:6 wesithembiso saYo; Yena, uThixo, wenziwa umntu wenyama, ukusindisa ela xesha lombhadamo. Xa umntu wayenziwe waba kumfanekiselo kaThixo, naku kusiza uThixo, ngomprofeti eyibona kwangaphambili...Ngoku khumbulani

iLizwi, umprofeti wayibona kwangaphambili, umprofeti nje okwamnye owabona uSathana kule mihla yokugibela, yabona, walenkqubo yemfundo nezinto anazo, inkqubo yenkolo. Umprofeti okwamnye, uIsaya 9:6, wathi, “Sizalelwe uMntwana, sinikwe uNyana; kwaye iGama Lakhe liyakubizwa ‘Mcebisi, INkosana yoXolo, uThixo uSomandla, uBawo waNaphakade.’ Kwaye ngolawulo Lwakhe akusayi kubakho siphelo.” Kwaye ela Lizwi liLizwi likaThixo. Kwaye uMoya wafukama phezu kwelaa Lizwi, laza Labumbeka esibelekweni sentombi; iNdoda, “uNyana uzelwe,” hayi udaliwe, “uzelwe.”

<sup>216</sup> USathana wazama waza wazama kwakhona, ukuLitshiza. Wamthabatha waMnyusa waza wathi, “Ukuba Ukoko othi Ukoko, ngoko ndenzele ezinye zale mpiliso apha. Ndibonise indlela Onokuyenza ngayo. Jika oku, isonka, nala matye abe sisonka. Masibone Wena utsiba, ngokuba iSibhalo sithi Uyakuyenza lonto.”

<sup>217</sup> Uyabona loomadimoni enkolo namhlanje asatsho laa nto inye? “Ukuba kukho into enjalo enjengempiliso eNgcwele; naku kulele uMzalwana *uSibani-bani*, masibone umphilisa.”

<sup>218</sup> Laa mtyholi mnye wema emnqamlezweni kaYesu, wathi, “Ukuba UnguNyana kaThixo, yehla emnqamlezweni.”

<sup>219</sup> ILizwi lathi Yena wayenguNyana kaThixo. UMoya wabonakalisa Yena wayenguNyana kaThixo. U-Isaya 9:6 wayezalisekisiwe. Kwaye ngobunye ubusuku, abaninzi benu kusasazo bavile indlela esithe sanika amashumi amathandathu anento eZibhalo, phantse, ndiyakholwa, malunga nokuqondakalisa ukuba iSibhalo sathi Lowo yayinguYe.

<sup>220</sup> Owu, uSathana uzamile wazama kwakhona, ukwenza yonke into. Ngobunye ubusuku, elele kumva wenqanawa, wabona Yena elele. Waza wathi, “NdiyakuMtshabalalisa kanye ngoku.” Kodwa akabinakho.

<sup>221</sup> Wazama ukuMlingela ekwenzeni into engalunganga, kodwa akabinakho ukuyenza. Kutheni? Wayetshizwe ngesithinteli sokumiselwa ngexa elingaphambili. Ayinakukhohliswa. Hayi, hayi. ILizwi lathi Uyakuba lapha. Amen. Akukho mtyholi uzakuMkhathaza, kwaye akukho wumbi uNyana kaThixo, omiselwe ngexa elingaphambili omiselwe ukuthatha indawo yakhe. Utshizwe ngesithinteli. Ityhefu kaSathana, oogqirha bobuhlelo abanakho kwa ukuMchukumisa konke konke. Uyaqhubeka nje ahambe, akukho nto izakuMkhathaza, yabona. Zange ibe namandla phezu Kwakhe.

<sup>222</sup> “Kulungile, ndiyakwenza ubhishopu womhlaba wonke. Ndinolawulo phezu kwawo. Ukuba nje Uyakundinqula, yiza ujoyine iqela lam, ndiya—ndiyaKukwenza umlawuli. Ndiyakwehla, ndivumela Wena unyuke.”

223 Wathi, “Jikela emva kwaM, Sathana. Kubhaliwe, ‘Uze unqule uThixo, iLizwi, kwaye Yena kuphela uyakumkhonza.’” Ngoko ngenye imini. . .

Kulo Mntu mkhulu, ndingathanda ukuhlala phaya ithuba.

224 Kodwa ngenye imini, uMoya wafukama phezu Kwakhe kwakhona; kuba kwakukho iLizwi elithile ebelibhaliwe malunga naYe, lisuka kuThixo, ngomprofeti, “Kwaye Yena wakhokelelwa ekuxhelweni, njengemvu.” Kwaye uMoya wafukama phezu Kwakhe, waMkhokela, waza wamsa kumnqamlezo waseKalvari. Apho Yena wafa. Kwaye yonke into eyayithethiwe ngaYe ekufeni kwakhe, yazalisekiswa, ukuzisa ukuKhanya noBomi kuyo yonke iMbewu kaThixo eyamiselwa ngexa elingaphambili eyayiphezu komhlaba. Wazisa indlela yokuyizisa. *Nantsi* iMbewu, uMoya uzisa uBomi; emilisa ngakumbi oonyana neentombi zikaThixo, ukusuka ehlabathini kulo mbondamo wobumnyama, ekubeni ngoonyana neentombi zikaThixo.

225 Sukukhubeka kwigama “ukumiselwa ngexa elingaphambili.” Ndiyazi nenza njalo. Kodwa, phulaphulani, Asilogama lam. Lelinye laMagama kaThixo. Nifuna ukuyifunda, yifundeni ama-Efese 1:5, ntoleyo, “Wasimisela ngexa elingaphambili ukwenziwa oonyana ngoYesu Kristu.” Yabona?

226 Ndivumeleni nje ndiyicazulule umzuzu, nje umzuzu, ukucazulula oku kuphume engqondweni yenu. Jonga. Njengoko wawukuyihlo, ekuqalekeni, isithombo sembewu. Ingaba ubukwazi oko, nonke ngamnye kuni? Nanikoyihlo boyihlo boyihlomkhulu, kananjalo, ingaba benikwazi oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

227 Funda kwiNcwadi yamaHebhere, apho sifumanisayo ukuba uLevi wahlawula izishumi xa wayesesinqeni sika Abraham, izizukulwana ezine ngasemva kwakhe. Xa u-Abraham wahlawula izishumi kuMelkitsedeki, zabalelwa kumzukulwana womzukulwana wakhe ukuhla emva kwakhe, kwaye ngoko wayesesinqeni sika Abraham. Nako ke apho ukhoyo. Yabona?

228 Wawusesinqeni sikayihlo, kodwa uyihlo wayengenakho ukuba nabo nabunye ubudlelwane kunye nawe wade wenziwa kumila kumbi ukuza emzimbeni wenyama.

229 Unyana wam phaya wayekum. Nda—nda—ndandifuna unyana, kodwa wayekum ngela xesha. Yabona? Wayekum ngela xesha. Kodwa ngomtshato, wenziwa kumila kumbi ukuza emntwini njengam, kwaze emva koko waba njengam.

230 Kwaye uba nje ngabazali bakho, yabona, kuba yayikuwe, into yokuqala. Ngoku ukuba singoonyana bakaThixo, iimpawu Zakhe. . . Ntoleyo, usisibonakaliso sikayihlo, hayi unyoko; uyihlo. Imbewu ilele kutata. Yabona? Kwaye ngoku unyoko

wayesisifukamisa esakuthwalayo wena, wathwala imbewu kayihlo. Yabona?

<sup>231</sup> Kwaye umhlaba, enyameni, kananjalo usisifukamiso esithwala imbewu kaThixo. Yabona, kanye ngokuchanekileyo. Hayi ihlabathi, lingakanani ukuba likhulu ihlabathi; bubungakanani boThixo olidalileyo. Yabona? Yabona?

<sup>232</sup> Ngoku ukuba ungunyana nentombi kaThixo, ngoku wawukuThixo ekuqalekeni. Usisibonakaliso Sakhe. Ukuba wawungekho phaya ngoko, ngoko zange ubekho okanye akusokuze ubekho.

<sup>233</sup> Kakade, andinakuthwala, esinqeni sam, unyana wale ndoda *apha* okanye laa ndoda *phaya*, ndingathwala kuphela abam oonyana, kwaye bayakuthwala imfano yam. Haleluya. Niyayibona?

<sup>234</sup> Oonyana neentonmbi zaziThixo ekuqalekeni. Ngoku jonga. UnoBomi obunguNaphakade, utsho. Siyayikholwa, okokuba sinoBomi obunguNaphakade. Kuhle, kukho uhlobo olunye kuphela loBomi obunguNaphakade, kwaye olo nguThixo. Olo kuphela kwento enguNaphakade, nguThixo. Ngoku ukuba unoBomi obunguNaphakade, oba Bomi obukuwe babusoloko bukho, kwaye wawusesinqeni sikaThixo phambi kokuba kwakukho kwa nkqu ihlabathi. Kwaye xa iLizwi ngokwaLo. . . UYesu ngoKwakhe ubizwa uLizwi, kwaye kuYohane oNgcwele isi-1, wathi, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, kwaye uLizwi waye ekuThixo, kwaye uLizwi wayenguThixo. Waza uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu.” Ngoku wawusesinqeni sikaYesu, waza waya eKalvari kunye naYe. Wafa kunye naYe, waza wavuka kunye naYe. Kwaye namhlanje sihleli kwezasemaZulwini iindawo kuYe, sizaliswe nguMoya Wakhe, oonyana neentombi zikaThixo. Yifa kunye naYe, vuswa kunye naYe. Ngokuqinisekileyo.

<sup>235</sup> Ngoku ngoko, ngoku, ngoku ungadlélana naYe. Wawungenakho emva phaya, ngokuba nje wawuliLizwi, imbewu. Kodwa ngoku ukubonakalisile, kwaye ngoku ufuna wena udlelane naYe. Ngoko Wehla, wenziwa inyama ukuze Abe nokudlelana nawe ngokugqibeleleyo. Yabona ubudlelana obugqibeleleyo? Owu, bethu, zona iimfihlelo ezinzulu zikaThixo! Imangalisa kanjani! Yabona, uThixo wayengenakudlelana eMoyeni, ke uThixo waba ngumntu kunye nathi.

<sup>236</sup> UYesu Kristu wayenguThixo Buqu, ebonakalalisiwe, kuba, WayenguNyana ngokuba wazalwa, kodwa nje yayingumnquba Wakhe wokuhlala kuwo. “Akukho mntu wakhe wambona uThixo nakweliphi ixesha, kodwa kuphela lowo aMzeleyo uBawo umazisile Yena.” UThixo wazakhela Yena indlu, umzimba wokuhlala kuwo, wehla ukuze ube nakho ukuMchukumisa. UTimoti wokuQala 3:16, “Ngaphandle

kwempikiswano, inkulu imfihlelo yobuthixo; kuba uThixo wabonakalaliswa enyameni, wabonwa ziiNgelosi, wakholelwa, wamkelelwa eZulwini.” Yabona? Ngoku Yena . . .

<sup>237</sup> Wena ekubeni uyinyama, kwaye Yena ekubeni eyinyama, emva koko unakho ukudlelana ngoku, kuba Waye esisibonakaliso sikaThixo sothando. UThixo uluthando. Ingaba injalo? Kwaye uYesu waye esisibonakaliso sothando lukaThixo. Kwaye xa isibonakaliso sothando sasisidandalazisiwe, ntoleyo, oko yayinguThixo Buqu; zonke izibonakaliso ezajinga kuYe, zeza kuYe, “Konke uBawo aNdinike bona, bayakuza kuM.” Ngokuqinisekileyo, kwakufanele bamiselwe ngexa elingaphambili. Ukuba ibingenjalo, akusayi kuba phaya. Kuko konke. Ngokuqinisekileyo.

<sup>238</sup> Ngoku singadlelana, yayingo—ngobutyebi beLizwi Lakhe, kwaye ntoleyo uyinxalenye yalo. Uyinxalenye yeLizwi; kuba waYe eliLizwi ekuqalekeni, uliLizwi ngoku. Yabona? Ndiyashumayela ngobubusuku, okanye ngeCawa okanye ngenye yeentsuku xa ndingena, malunga noko iLizwi likuko, yabona. Kwaye ngoku uyinxalenye yeLizwi.

<sup>239</sup> Phulaphulani. Kukho into enye endingenakuyenza. Andinakuqhayisa ngokhokho bam. Hayi, ndisuka kwimbutyulelo embi kakhulu. Utata wayengumIrish. Umama wayengumfazi womNdiya, isiqingatha somNdiya; unina wayengumNdiya, erhola indodla. Ngoku bonke babo, amanxila, ubuninzi babo bonke bafa benxibe izihlangu, besilwa, abalwa ngemimpu, nanjalo njalo. Andinakuqhayisa nganto malunga nokuya, kuba okhokho bam kunye nomthi wosapho lwam lubi kakhulu.

<sup>240</sup> Kodwa, mzalwana, kukho into enye endinokuqhayisa ngayo, ndingaqhayisa ngeNkosi yami uYesu owandihlangulayo. Kwaye ngamandla Akhe okumilisa ngakumbi watyala imbewu, ngomiselo lwexa elingaphambili, kwaye ndaYibona. Ndingunyana kabana ngoku? Ehe. Ndingaqhayisa ngaYe. Kwaye ndichithe amashumi amathathu anesithathu eminyaka obomi bam, ndiqhayisa ngaYe. Ukuba Angandipha amanye amashumi amathathu anesithathu eminyaka, ndiyakuzama ukuqhayisa ngakumbi ngaYe. Yabona? Ndingaqhayisa ngoKhokho wam, haleluya, Lowo wandihlangulayo watyala imbewu yoBomi ngaphakathi *apha*, kwaye mandijonge phezu kweli Lizwi, wathumela ezantsi uMoya Wakhe waza wathi, “Nali liLo. Thetha *oku*, kwaye iyakwenzeka. Yenza *okuya*.” Kwaye owu, bethu, ndingaqhayisa ngaYe! Weyenza kanjani? Ngokuhlanjwa kwamanzi ngeLizwi, amanzi okwahlukanisa. Ndingwenela besingabanakho ukuyicacisa.

<sup>241</sup> Amakhholwa enyaniso amiselwe ngexa elingaphambili ayakuhlala neLizwi ngokuba ayinxalenye yela Lizwi.

<sup>242</sup> Owu, zinkwenkwezi ezibhadulayo, kuyakude kube nini nibhadula? Nina maWisile, maBhaptizi, maRhabe, bangaphandle, nantoni eninokuba yiyo, zinkwenkwezi ezibhadulayo, ukusuka ecaweni ukuya ecaweni, ukusuka entsikeni ukuya endaweni, kunye nomabonwakude ukuya kumabonwakude, ihlabathi ukuya kwihlabathi, kutheni ningezi? Úlangazelela ukuba nobudlelwana kunye nani. Úlangazelela nina. Úfuna ukunenza kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqondo zenu, hayi kwicawa okanye kwihlelo, kodwa eLizwini Lakhe, ntoleyo, eniyinxalenye ukuba laa mnqweno ukuni.

*Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa: ngokuba bayakuhluthiswa bona. (Yabona? Uh-huh.)*

<sup>243</sup> Kwaye ithumela amandla Akhe okumilisa ngakumbi, ukukukhuphela ngaphandle kwale nkubazeko yenkolo okuyo. Kulo mbhodamo wenkubazeko esikuwo, uThixo uthumele amandla Akhe okumilisa ngakumbi, iLizwi lakhe, lingqinelwe, liqinisekisiwe, ukukukhuphela ngaphandle kwalengkubazeko yenkolo yokungazi ohamba kuyo, “uze, uyimfama, ulusizi, kwaye ungayazi.” Cingani ngayo, zihlobo.

<sup>244</sup> Niyazi, uThixo wathumela amandla Akhe okumilisa ngakumbi ukuzalisekisa iLizwi Lakhe, kwaye waguqula umzimba wonke kaSara no Abraham. Wamilisa ngakumbi ixhego lendoda nexhegokazi lomfazi, ngokuba Wathembisa Uyakuyenza.

<sup>245</sup> Kwaye oko uThixo athembise ukukwenza, oko Úyakukwenza. Akukho nto, nantoni. . . Nayiphi into egqwethekileyo, uThixo akanakwenza nto ngayo. Kodwa Uyakuligcina iLizwi Lakhe, kwaye Uyakuthumela uMoya Wakhe! “Mna Nkosi ndiLityalile. NdiyakuLinkcenkceshela imini nobusuku, hleze omnye alinyothule esandleni saM.” Itsho njalo iBhayibhile.

<sup>246</sup> Owu, zinkwenkwezi ezibhadulayo, wena unomnqweno entliziyweni yakho! Kufanele ubenawo, okanye ubungayi kube uhleli apha ngale ntsasa. Kwaye ubungayi kuba kulaa mabandla namaholo, nezinto okuzo, ngaphandle nasekunqumlezeni umhlaba, ukuba Into ethile ibingakusanga phaya. Umntu othile uthethe nawe. Sukuhambela phambili. Kukho ukuhlanjwa kwamanzi ngeLizwi, okuyakukwenza ube mhlophe njengekhephu. Owu, boonyana bakaThixo, phulaphulani! Sanukuhlala kula nkubazeko. Phumani kuyo. U-Abraham wakholelwa uThixo, wabiza yonke into echaseneyo. . .

<sup>247</sup> Uthi, “Ndiyakuyenza njani indlela yam yokuphila? Ndiyakuyenza njani *le?*” Leyo yingxaki kaThixo. “Ndiyakuyenza njani? Abalingane bam bayakundiphoxa.”

<sup>248</sup> Wathi uThixo, “Lowo uyakushiya uyise, unina, nomfazi, umyeni, amakhaya, izindlu; Ndiyakubanika amakhaya nezindlu,

ndiyakubanika ooyise noonina, nabantakwe noodade, kweli hlabathi, kwaye uBomi obunguNaphakade ehlabathini elizayo.” Sisithembiso, sihlobo. Oko, owu, kufanelwe kunkcenkceshelwe! Sonke isithembiso asenzayo uThixo siyenzeka. Yonke iMbewu kaThixo sisithembiso.

<sup>249</sup> Kwaye, dade, yeka ukunqothula ezo nwele, ngokuba yinto engaqhelekanga phambi koThixo. Yeka ukunxiba ezo mpahla, lisikizi kuYe!

<sup>250</sup> Nina bazalwana, nina madoda, yekani ukulungiselela kula mahlelo, ekwenzeni ezi zinto, nokuvumela abafazi benu benze izinto ezinjalo. Ayifanelekanga kumaKristu.

<sup>251</sup> Buyelani eLizwini! Thabathani ela Lizwi, Liyakukhula. Lifanele ukukhula. Amandla kaThixo okumilisa ngakumbi Alizisayo kwindawo yokuqala, Usendleleni Yakhe nje ebuyayo, elibuyisela Lona emva kwakhona ngoku. Ubuyela kanye emva kwakhona apho yayikhona.

<sup>252</sup> U-Enoki waguqulelwa, ukusuka ekufeni, ngamandla okumilisa ngakumbi. Wayenzela ntoni loto uThixo? Ukwenza umfuziselo woxwilo lweBandla oluzayo. Ehe. U-Eliya waye eyinto ekwanye.

<sup>253</sup> Umzimba kaYesu wavuswa emva kokuba wawufile. Kwaye engcwabeni, umzimba kaYesu wavuswa ngeLizwi likaThixo; kwaye wamiliswa ngakumbi, ukusuka kofileyo, umfanekiso obandayo, ukuya kovusiweyo, ozukisiweyo uNyana kaThixo. Ngokuba umprofeti, Iindumiso 16:10, ukuba ufuna ukuyibhala, 16:10, wathi, “Andisayi kuwushiya umphefumlo Wakhe esihogweni, nokumyekela OwaM oNgcwele abone ukonakala.” Owu Thixo!

<sup>254</sup> Ela Lizwi kufuneka lenzeke, LiLizwi likaThixo! Lityale entliziyweni yakho, ukuba ufuna ukuya kuXwilo. Ukuba nifuna ukuba ngamaKristu enene, beka eli Lizwi. Njengoko ndikholwa yayingu Hezekile, wathi uThixo, “Thabatha laa ncwadi isongwayo uyidle,” okokuba umprofeti neLizwi babe yinto enye. Kwaye sonke isithembiso khona phaya kufanele sizibonakalise, ngokuba yiMbewu kaThixo yemvelo. Sukumvela esithile isifundiswa sezenkole ethile khona apha sizame ukuYikhuphela ngaphandle kuwe. Sukumvela akutshize ngobabunzulwazi bangokwasenyameni nolwazi, nemfundo. Kholelwa uThixo!

<sup>255</sup> U-Abraham zange athabathe uphando lobunzululwazi bemini yakhe, athi, “Ndimdala kakhulu ukuba nosana, ndihambe kakhulu. Ndenze *oku*, *okuya*, okanye *okunye*.” Kodwa wabiza yonke into eyayichasene, kwiLizwi likaThixo, njengokungathi yayingekho. Kwaye zange athandabuze kwisithembiso sikaThixo, ngokungakholwa; kodwa womelela, enika indumiso kuThixo. Wayesazi ukuba uThixo wayenakho ukwenza oko athe Wakuthembisa.



<sup>256</sup> Owu, boonyana ababhadulayo, abakhutyazwe lukhula olunabayo lalo mhlaba! Bodade ababhadulayo, ezithe iindawo neefashoni zeli lizwi zanitsala! Kwaye, dade sthandwa, ningandithatha njengomxhaga omdala, kodwa ngenye yezi mini xa nihlangana noko uFlorence Shakarian ahlangani nako ngobunye ubusuku; wayehleli kweli gumbi, naye, kule ndawo, njengoko nisazi. Xa nihlangana nokuya, niyakufumanisa, hayi mna, kodwa eli Lizwi lichanekile. Sukani kwezondawo zokucheba iinwele, kwezozenkile zefashoni. Sukani kwezo zinto.

<sup>257</sup> Uthi, “Kutheni ungabafundisi izinto ezinkulu, indlela yokuba *koku*?” Nje qalisa ngo ABC bakho, kwaye emva koko siyakuya kwi aljibhra. Yabona? Nje qalisa ukufunda, “ntoleyo iyinkonzo yakho yasengqondweni.”

*Ndiyanivusela ngoko, bazalwana, ngeemfefe zikaThixo, ukuba niwunikelele umzimba wenu ibe lidini eliphilileyo, elingwele, nelamkelekileyo kuThixo, leyo ke yinkonzo yenu yasengqondweni.*

<sup>258</sup> Yenza nje “inkonzo yakho yasengqondweni,” uThixo uyakukukhathalela okuseleyo kwayo; yabona, nje ukuqiqua izinto onokuziqiqua ngokwakho kwaye uzenze. Asikok... Asikokungaqiqi ukuba umfazi azihlube, aze aphume aphaenze ngolwa hlobo, ngelixa iBhayibhile iyohlwaya lonto? Asikokungaqiqi ukuba indoda izilahlele konjeya umgaqo njengoko sinawo namhlanje, kunye nayo yonke le nto apha, nayo yonke lento yemfundiso yezakwalizwi, kunye nento enjeya, ngelixa ichasene ngokupheleleyo eLizwini likaThixo? Yabona?

<sup>259</sup> Imiliba ka-Isaya, wayeyindoda nje eqhelekileyo yemiliba eyinqambi. Wathi, “Nkosi, ndiphakathi kwabantu abayinqambi, kwaye ndinemilebe eyinqambi. Usizi kum ngokuba ndibone uThixo.” Yaza iNgelosi yehla, yathabatha uMlilo, uMlilo oNgewele esibingelelweni sikaThixo, yaza yamilisa ngakumbi imilebe yakhe; ukusuka kwimilebe yendoda ebhadulayo, ukuya kwimilebe yomprofeti ono ITSHO INKOSI. Amandla kaThixo amilisa ngakumbi!

<sup>260</sup> Ikhulu elinamashumi amabini labalobi, kunye—kunye nabathengisi beengubo, labafazi, kunye nabo babedibanele kwigumbi eliphezulu baza bavala iingcango, abanye babo bengafundanga nokufunda ukutyikityitya amagama abo. UThixo wabamilisa ngakumbi ukusuka kubalobi, ukuya kubalobi babantu; ukusuka kumadoda nakubafazi esitratweni, ukuya kubangewele bakaThixo, abanganako ukufa. Amandla okumilisa ngakumbi kaThixo!

<sup>261</sup> UPawulos, ilungu lebandla lasekuhlaleni, umRhabe, umWisile, umBhaptizi, umPentekoste, okanye into ethile; ezantsi ngesitrato wehla, kunye nomoya wakhe onyevulelayo kuye, wokuba wazi ngaphezulu kunabo bonke. Wayephuma

phantsi koGamaliyeli, omnye wabakhulu abahlohli owayekho emhlabeni. Kwenzeka ntoni endleleni yakhe ehlayo eya eDamasko, ukufumana igquba labantu abakholelwa iLizwi likaThixo? Endleleni yakhe ukuhla phaya, wakhahlelwa phantsi, kwaye weva uMyalezo. Kwaye Wamenza kumila kumbi ukusuka kwilungu lecawa kunye nomhambi cawa; ukuya kumprofeti kaThixo, owabhala iLizwi likaThixo, kwiTestamente Entsha. Ukusuka kwilungu lecawa ukuya kongcwele!

<sup>262</sup> Owu, nkwenkwezi ebhadulayo, masime. Nyana obhadulayo, Mbewu ebhadulayo ehamba ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, kokukukhubazeka; jikani, ngale ntsasa, bantwana. Ncedani ndiveni njenge—ngendoda ezamayo ukuma phakathi kwabaphilayo nabafileyo.

<sup>263</sup> Phandle ngaphaya komhlaba apho usasazo luzayo ukuba nisaqhagamshelikile, nina babhadulele endaweni, ncedani hlalani nje umzuzu. Ndiyazi kusemva kwexesha apha eTucson okanye, ndicela uxolo, ePhoenix, ngamashumi amabini emizuzu phambi kweshumi elinambini. Kwaye ndiba naba bantu apha intsasa yonke. Ndinenze nabakude emsebenzini wenu kunye nezinto. Kodwa jonga, sihlobo esithandekayo, ungaba kude kuThixo naphakade. Nceda ubuye ngale ntsasa. Akunakuyenza? Kukho indawo eMthonjeni.

Estalini kudala, ndiyazi injalo ngenene,  
USana lwazalelwa ukusindisa abantu  
ezonweni zabo.

UYohane wambona enxwemeni, iMvana  
kanaphakade,  
Owu, Kristu, Owabathelelwa emnqamlezweni  
eKhalvari.

Owu, ndiyayithanda laa Ndoda yaseGalili,  
yase Galili,

Kuba Yandenzela okuninzi kangako.  
Yaxolela zonke izam, yabeka uMoya  
oyiNgcwele ngaphakathi;

Owu, ndiyayithanda, ndiyayithanda laa  
Ndoda yase Galili.

Umbuthi-rhafu waya kuthandaza etempileni  
phaya ngenye imini,

Wakhala, “owu Nkosi, yiba nenceba kum!”  
Waxolelwa sonke isono sakhe, lwaze uxolo  
olunzulu lwabekwa ngaphakathi;

Wathi, “Yizani nibone le Ndoda yaseGalili.”  
Injalo.

Isiqhwala senziwa sahamba, isimumu senziwa  
sathetha,

Laa mandla athethwa ngothando phezu  
kolwandle;

Imfama yenziwa yabona, ndiyayazi ingaba njalo kuphela  
Yinceba yeNdoda yaseGalili.

<sup>264</sup> Fuzisela oko nolungiselelo lwanamhlanje.

Umfazi equleni, Wazichaza zonke izono zakhe, Indlela awayenawo ngawo amadoda amahlanu ngela xesha.

Waxolelwa ngaso sonke isono, lwaze uxolo olunzulu lwabekwa ngaphakathi;

Wakhala, “Yizani nibone iNdoda yase Galili!”

<sup>265</sup> Mfazi, Angenza into ekwanye. Uyifundile intliziyo yakho ngale ntsasa. Ndoda, Uyifundile intliziyo yakho. Owu, mbuthi-rhafu, masithandazeni!

Owu, ndiyayithanda laa Ndoda yaseGalili, yaseGalili,

Kuba Yandenzela okungako okukhulu.

Yaxolela zonke izono zam, yabeka uMoya oyiNgewele ngaphakathi;

Owu, ndiyayithanda, ndiyayithanda laa Ndoda yaseGalili.

<sup>266</sup> Akunakumthanda Yena, kunye nam, ngale ntsasa? Owu, onenkani, obhadulayo umoni, apha okanye phandle apho ungabe ukhoyo, ungayamkela iNkosi yam ngale ntsasa? Yona iliLizwi, kwaye iLizwi lizisiwe kuwe. Akunakumamkela Yena ngale ntsasa? Ningaphakamisa nje izandla zenu okanye nime ngeenyawo zenu, okanye into ethile, nize nithandaze, nithi, “Ndifuna ukumamkela Yena kanye ngoku. Mzalwana, ndiyafuna. Ndifuna kanye ngoku ukumamkela.” Ungema ngeenyawo zakho, nabani ofuna ukuthandazelwa, aze athi, “ndiyafuna...” ukuthandazelwa, gxebe, “Ndingumoni. Ndifuna...” UThixo akusikelele, mhlekazi. Omnye ongomnye? Wonke umntu makathandaze ngoku, nje umzuzu.

Owu, kwesastali kudala, (kwakungumbhodamo, niyazi, ihlabathi lalinjalo), kwaye ndiyayazi linjalo ngenene, USana oluncinci lwazalelwa ukusindisa abantu ezonweni zabo.

Xa uYohane waMbonayo elunxwemeni, WayeyiMvana kanaphakade, (okwaMnye namhlanje)

Owu, NguKristu, Owabethelwa emnqamlezweni eKhalvari.

<sup>267</sup> Aninakho ukuMthanda namhlanje ngentliziyo yenu yonke, ukuze nihambe niphume kulemeko yobuhlabathi enihleli kuyo? Nina bafazi, nina madoda, owu, yintoni eniyihleleyo apho lonke eli xesha? Ibonisa ukuba kukho into ethile ezantsi kuwe, kukho into ethile phaya elambileyo nenxaniweyo. Ubungayi

kuhlala apha ezi zimbini okanye ezintathu iiyure, uhleli apha kwesi sakhiwo ngolu hlobo; kukho into ethile. Awunakukhe nje uyinyamekele namhlanje? Ziyeke iifashoni nobunzululwazi, nazo zonke izinto zehlabathi, zidlule engqondweni yakho kanye ngoku, mzalwana othandakayo okanye dade othandekayo.

Amabandla ayamanyana, izizwe ezinkulu  
ziyaqhekeka, uSirayeli uyavuka,  
Imiqondiso abathi abaprofeta bayixela  
kwangaphambili;  
Iintsuku zeNtlanga zibaliwe, kunye  
nezihlungisi nezixakanisi;  
“Buyelani, Owu bachithachithiweyo, kowenu.”

Umhla wentlangulo ukufuphi,  
Iintliziyo zamadoda ziyohlulakala kukoyika;  
Zaliswani nguMoya, nibe nezibane zenu  
zichetyiwe kwaye zicaca,  
Khangela phezulu, intlangulo yenu ikufuphi!

Abaprofeti bobuxoki bayaxoka, iNyaniso  
kaThixo bayayiphika,  
Yokuba uYesu uKristu nguThixo wethu.

<sup>268</sup> Ngoku, leyo yinyaniso. Niyakwazi oko, thina sonke, umhla esiphila kuwo.

Kodwa Wathi iyakuba kukuKhanya malunga  
nexesha langokuhlwa,  
Indlela eya eLuzukweni ngokuqinisekileyo  
niyakuyifumana.

<sup>269</sup> Lowo ngumhla esiphila kuwo kanye ngoku. UkuKhanya kuyakukhanya nje kanye ngokuhlwa xa ubumnyama bungena, ungcwalazi, inkwenkwezi yangorhatya.

Ungcwalazi nenkwenkwezi yangorhatya,  
Kuze emva koko ubumnyama!  
Kwanga kungangabikho kudakumba  
kokwahlukana,  
Xa ndisekugqibeleni kokukhwela;

Kuba bonke ngaphandle bathwelwe lixesha  
nesthuba,  
Neempuphuma zingandithwalela kude,  
Kodwa ndifuna ukubona uMqhubi nqwelo-  
moya wam ubuso ngobuso  
Xa ndiwele umda.

Sukundixelela, kumanani azilayo,  
Ukuba ubomi liphupha nje elingenanto!  
Kwaye nomphefumlo ufile owozelayo,  
Nezinto azikuko oko zikhangeleka zikuko.

Ehe, ubomi buyinene! Kwaye ubomi  
bungenene!

Kwaye ingcwaba ayiyonjongo yabo;  
Ngokuba uluthuli, eluthini uyakubuyela,  
Yayingathethwa ibhekiselelwe  
emphefumleni.

Ubomi bamadoda abalulekileyo  
buyasikhumbuza,  
Kwaye singabenza ubomi bethu bubalasele,  
Kwaye, ukwahlukana, kushiya ngasemva,  
Imizila yeenyawo kwintlabathi yexesha;

Imizila yeenyawo, oko mhlawumbi kokunye,  
Ngelixa sidadela ngaphaya kobona bomi  
bundilisekileyo,  
Okhedamileyo nonqanawa yaphukileyo  
umzalwana,  
Ekuboneni, iyakuthabatha intliziyo  
kwakhona.

Masiphakameni, ngoko, kwaye senze,  
Ngentliziyo ukwenzela nayiphi imbambano;  
Sanukuba nje ngezimumu, zeenkomo  
eziqhutywayo!  
Yibani ngamagorha kwimbambano!

<sup>270</sup> Thixo Othandekayo, bangaBakho. Ndibone amadoda amabini eme ngeenyawo zawo, Bawo. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakuwathatha ngoku. Afuna ukuba ngoonyana Bakho. Bavukile ekungazini kobomi abathe babuphila, kwaye ngoku afuna ukuhlaziyeka, ukwenza kutsha, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele phezu kwala Mbewu ebityaliwe ezintliziyweni zawo ngalo mhla. Bawo onguNaphakade, uMdali wezinto zonke, Owenza iLizwi Lakho, kwaye ndiyakholwa ukuba wazile lamadoda ukuba ayakwenza oku ngale ntsasa. Ndiyathandaza, Nkosi, ukuba Uyakunkceshela ela Lizwi, imini nobusuku, kwaye ungaze uvumele uSathana alisuse ezandleni Zakho. Yanga ingaba ngumthi othe ngamanye amaxesha, eParadesi kaThixo, xa konke kubuyisiwe kwakhona, kuba iLizwi Lakho alinakusilela, iyakubakho kwakhona. Kuba eli hlabathi . . .

<sup>271</sup> Kwaye akusayi kubakho olu hlobo lwempucuko kwihlabathi elizayo. Akusayi kubakho zinqwelomafutha okanye kwanto inzululwazi eyakhe yayenza. Akuyi kubakho nto zinjalo kwihlabathi elizayo. Kodwa iyakuba luhlobo lwempucuko Olulolwakhe uThixo Ayakuthi alumise kulawulo oluzukileyo. Kuba, kule mpucuko kukho izigulo, ukufa, usizi, amangcwaba, nokudinga. Kodwa koba Kumkani obuzayo, akukho kufa, akukho sizi, akukho sigulo, akukho kuguga ngaminyaka. Owu Thixo, konke kuyakuba kutsha phaya, kwimpucuko Yakho.

<sup>272</sup> Thixo, similise ngakumbi namhlanje, ngamandla Akho, ngokuhlaziywa kwengqondo yethu, ukujika kwizinto zestali seli hlabathi ngoku, ukuya kwiLizwi likaThixo. Kwaye sanga singahlaziywa ngamandla okumilisa ngakumbi kaThixo phezu kweMbewu esentliziyweni yethu, okokuba sikholwe, ukuya kwizidalwa ezibizwa oonyana neentombi zikaThixo. Lona ngumthandazo wam kuWe, Bawo, ngenxa yabantu, eGameni likaYesu. Amen.

<sup>273</sup> Ngoku kuni abaphandle kusasazo, naphina apho nikhoyo, ndifuna namkele uKristu phandle phaya, njengoMsindisi wenu, kwaye nizaliswe nguMoya Wakhe. AMazwi athethiweyo ngale ntsasa, anga angawela entliziyweni yenu. Kwaye kwanga phaya ningamkela uYesu. Kwaye nibukele ubomi benu, kwaye nibone enikuphilayo emva koko. Kwaye nithabathe iNtluzo yendoda ecingayo apha. Niyazibonela ngokwenu nisenza into echaseneyo kweli Lizwi, suka kuyo, ngokukhawuleza. Yabona? Ngokuba, kukho iNtluzo egcinela kude ukufa kuwe, elo liLizwi likaThixo. AMazwi Akhe abuBomi, kwaye ayakukugcina kude ekufeni.

<sup>274</sup> Nina bantu apha ngoku abaseholweni, ndibe nani apha ixesha elide. Ndiyanibulela ngokubakho kwenu. Ndiyathandaza ukuba uThixo akasayi kuvumela leMbewu ife. Ndiyathemba anicingi ukuba ndimi apha nje ukutsho ezi zinto ukuze ndibe ngowahlukileyo. Ndizitsho ngenxa yothando; nasekwazini ukuba kungelilixa ndingonakho ukufa, njengoko ndinjalo ngoku, kuphela kwexesha endingaze ndibenakho ukushumayela ebantwini. Kwaye ndiyamthanda uYesu Kristu. NguMsindisi wam. Kwaye khumbulani, bendiyakuba phandle phaya esitratweni ukuba ibingekokwenza Kwakhe. Bendiyakuba phandle phaya; bonke abazali bam, bonke abantu bam, babengaboni. Kodwa uThixo, ngamandla Akhe okumilisa ngakumbi, ndiyazi enza isidalwa esahlukileyo kum. Kwaye ndinga—ndingawancoma kuwe, ukuba alungile. Kwaye ayakukugcinga ngeeyure zengxaki. Nkqu nasekufeni, kusesangweni, akunaloyiko. “Akukho nto enokusahlula eluthandweni lukaThixo, olo lukuKristu.” Wanga uThixo angasikelela ngamnye kuni, kwaye aninike uBomi obunguNaphakade.

<sup>275</sup> Bangaphi ngaphakathi apha abangenayo iMbewu kaThixo, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele? Ningaphakamisa nje isandla senu, nithi, “Ndikhumbule, Mzalwana uBranham, okokuba ndamkele uMoya oyiNgcwele.” Ngoku thabathela iLizwi entliziyweni yakho—yakho, uze uLikhholwe. Ngoku ukuba u...Ungajonga kuwe. Nyuka uze ukhangele esipilini, kwaye ungabona apho ukhoyo. Yabona, úngayazi.

<sup>276</sup> Uthi, “Kuhle, andikhange ndisiphakamise isandla sam, ngokuba ndiyakholwa ndinayo.”

277 Khangela kuwe esipilini, emva koko uyabona hlobo luni lomoya okukhohlisayo, yabona. Ukucinga okukhohlisiweyo! “Kukho indlela ekhangeleka ilungile emntwini, kodwa isiphelo sayo ziindlela zokufa.” Ingaba injalo?

Ezantsi emnqamlezweni apho uMsindisi wam wafayo,  
 Ezantsi phaya ukwenzelwa ukucocwa esonweni ndakhala;  
 Owu, phaya entliziyweni yam kwaqatywa iGazi;  
 Uzuko . . .

278 Valani nje amehlo enu, umzuzu ngoku, kwaye nje nicule oko kuYe masiphakamiseleni nje izandla zethu phezulu.

Uzuko kwiGameni Lakhe, iGama Lakhe elixabisekileyo!  
 Uzuko kwiGameni Lakhe!  
 Phaya entliziyweni yam iGazi laqatywa;  
 Uzuko kweLakhe . . .

279 Ndifuna nina maKristu nixhawule isandla somnye nomnye, osindisiweyo.

Ndisindiswe ngokumangalisayo kakhulu ezonweni,  
 UYesu uhlala kamnandi kakhulu ngaphakathi, Phaya emnqamlezweni apho Wandithabatha wangingenisa;  
 Uzuko kwiGameni Lakhe!  
 Uzuko kwiGama Lakhe, iGama elixabisekileyo!  
 Uzuko kwiGama Lakhe!  
 Owu, phaya entliziyweni yam yayiliGazi laqatywa;  
 Uzuko kwiGama Lakhe!

280 IGazi linembewu yoBomi kuLo, uyayazi. Oku kusingisele kwabo bangamaziyu Yena.

Owu, yizani kuloMthombo utyebileyo mhle;  
 Lahlelani imiphefumlo yenu ehlupekileyo ezinyaweni zoMsindisi;  
 Owu, zinyhaleni ngaphakathi namhlanje, nize nenziwe nigqibelele;  
 Uzuko eGameni Lakhe!  
 Owu, uzuko e . . .

Masithobiseni iintloko zethu ngoku njengoko sicula.

Uzuko kwiGama Lakhe!  
 Phaya entliziyweni yam iGazi laqatywa;  
 Uzuko kwiGama Lakhe!

<sup>281</sup> NiyaMthanda? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wathi uPawulos, “Ndiyakucula ndikuMoya. Ndiyakunqula ndikuMoya.” Masiyicile ngokuzolileyo ngenene, ngezandla zethu ziphakanyisiwe.

<sup>282</sup> Niyazi, ingxaki yayo, thina bantu bamaPentekoste, silahlekelwe luvuyo lwethu, silahlekelwe ziimvakalelo zethu. Njengoko uBilly Graham wathi ngobunye ubusuku, “Abobashumayeli, ikhola zigqwethiwe, besehlela Ezantsi, beqhwaba izandla zabo, bengqubanisa iinyawo zabo ukuhla zinyuka emhlabeni, bengqisha, babenento ababevuya malunga nayo.” Ke, ehe, ndiNento endivuya malunga nayo. Yabona? Yabona? Ehe. Ehe, silahlelekene nemvakalelo yethu.

<sup>283</sup> Ngoku masiphakamise nje izandla zethu. Ningakhathazeki malunga neenyembezi, aziyi kuvisa nto buhlungu, yabona. Oko akuvisi buhlungu. “Lowo uphuma ahlwayele, ngeenyembezi, ngaphandle kwamathandabuzo uyakubuyela kwakhona, esizisa izithungo ezihle.” Kunjalo.

Uzuko kwiGameni Lakhe, iGama Lakhe  
elixabisekileyo!

Uzuko kwiGameni Lakhe!

Phaya entliziyweni yam iGazi laqatywa;

Uzuko kwiGama Lakhe!

Uzuko kweLakhe... (Owu, Thixo!

Makabongwe uThixo!)

Uzuko kwiGama Lakhe!

Zikisa iMbewu, Nkosi, entliziyweni!

Entliziyweni yam iGazi laqatywa;

Uzuko kwiGama Lakhe!





*AMANDLA KATHIXO OKUMILISA NGAKUMBI* XHO65-0911  
(God's Power To Transform)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngoMgqibelo, ngoSeptemba we-11, 1965, ukwenzela Ubudlelwana Bamadoda Angoosomashishini beFull Gospel eRamada Inn ePhoenix, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)